# Iziqulatho


**IKota 1** ........ **1**

Umxholo: **Siyatyelela** ........ **2**

IVeki 1 ........ 2

IVeki 2 ........ 9

Umxholo: **Silungisa izinto** ........ **17**

IVeki 3 ........ 19

IVeki 4 ........ 27

Umxholo: **Sizama ukunyaniseka** ........ **35**

IVeki 5 ........ 37

IVeki 6 ........ 45

Umxholo: **Imfundo yethu** ........ **53**

IVeki 7 ........ 55

IVeki 8 ........ 63

**IKota 2** ........ **71**

Umxholo: **Siyaziqhelanisa** ........ **72**

IVeki 1 ........ 72

IVeki 2 ........ 82

Umxholo: **Singababhali** ........ **90**

IVeki 3 ........ 90

IVeki 4 ........ 100

Umxholo: **Sinovelwano** ........ **108**

IVeki 5 ........ 108

IVeki 6 ........ 118

Umxholo: **Siziinjineli** ........ **126**

IVeki 7 ........ 126

IVeki 8 ........ 136

# Umxholo: Siyatyelela

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Umbongo

Isiqwengana sombhalo osebenzisa amagama akhethwe ngononophelo ukuvakalisa izimvo, iimvakalelo, okanye imifanekiso. Imibongo idla ngokusebenzisa isingqisho, uphindaphindo nolwimi oluchazayo.

<u>Ngexesha lohambo</u>

Sihamba ngebhasi,

Sihamba ngeteksi,

Sihamba ngeenyawo

Kodwa phambili siyafika

Lo mbongo uthetha ukuba kukho iindlela ezohlukeneyo zokuhamba. Nokuba uhamba ngayiphi na indlela, uza kuphelela kwindawo enye oya kuyo.

Amabali:

**Uhambo olukhulu lukaShamiso**



**UMashudu uyatyelela**



## Isigama

| | |
|---|---|
| **thatha uhambo:** | Ukuya endaweni, amaxesha amaninzi ngemoto, ibhasi, uloliwe okanye inqwelomoya. |
| **iZimbabwe:** | Ilizwe kumazantsi eAfrika, entla koMzantsi Afrika. |
| **ibhotwe:** | Indlu enkulu kakhulu entle apho ikumkani okanye ikumkanikazi inokuhlala khona. |
| **ookhokho:** | Abantu kusapho lwakho olwaluphila kudala, njengotata katata katatomkhulu |
| **indala/ yamandulo:** | Indala kakhulu; yakudala (njengezakhiwo ezidala okanye amabali.) |
| **isihloko:** | Isivakalisi esifutshane phantsi komfanekiso esisixelela ukuba umfanekiso usibonisa ntoni na. |

## Isigama

| | |
|---|---|
| **ukutyelela/ ukundwendwela:** | Ukuyokubona umntu okanye indawo kangangexesha elifutshane. |
| **inkcazelo:** | Okuchaziweyo malunga nokuthile. |
| **iintshaba:** | Abantu okanye amaqela angavaniyo kwaye angazama ukulwa omnye nomnye. |
| **umlawuli:** | Uhlobo lwenkokeli/umntu olawulayo, njengekumkani. |
| **uhambo:** | Ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye, ingakumbi olude, njengohambo ngemoto okanye uloliwe. |
| **isutikheyisi:** | Ibhegi enkulu oyisebenzisayo ukuthwala iimpahla zakho kunye nezinye izinto xa uhamba. |
| **pakisha:** | Ukufaka iimpahla zakho kunye nezinye izinto kwisutikheyisi okanye ibhegi yohambo. |
| **khupha:** | Ukukhupha iimpahla zakho kunye nezinye izinto zakho kwisutikheyisi yakho xa ufika kwindawo ethile okanye xa ubuyela ekhaya. |
| **itikiti:** | Iphetshana okanye iphetshana ledijithali elikuvumela ukuba uhambe ngebhasi, uloliwe okanye inqwelomoya. |

**Buza usapho lwakho:**



Ingaba unqwenela ukutyelela phi?

Yeyiphi eyona ndlela ocinga ukuba ingcono yokuthabatha uhambo? Ngoba?



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### Ileta eya kumhlobo wosiba

Solomon Mahlangu St
Mamelodi
Pretoria
0002
2 Agasti 2022

Zizipho othandekayo,

Ndiyathemba ukuba uphilile kwaye wonwabile.

Lo nguThabiso, umhlobo wakho wosiba. Utitshala wam undenza ndikubhalele, kodwa mhlawumbi oku kuya kuba mnandi.

Andazi nto ngeYiphutha apho uhlala khona. Mhlawumbi ungandixelela? Kuya kuba kuhle kakhulu ukuba nomhlobo ovela eYiphutha.

Ndineminyaka elithoba ubudala. Ndiyinkwenkwe. Ndinamehlo amdaka kunye nolusu olumdaka. Ndihlala kwindawo ebizwa ngokuba yiMamelodi eMzantsi Afrika. Yindawo exakekileyo. Baninzi abantu abahlala apha. Mna nabahlobo sidlala ibhola yonke imihla. Sidlala esitalatweni sethu de kube mnyama.

NgeeCawa lolona suku lwam lungcono. Okokuqala, siya ecaweni kwaye ndibona abazala bam. Emva koko siba nebrayi. Ibrayi kuxa sipheka inyama emlilweni phandle.

Ndikwibanga lesi3. Ndihamba ndiye esikolweni yonke imihla. Ndiyazithanda Izibalo kunye nokufunda. Utitshala wam nguNksk Martins. Uyahlekisa kodwa xa enomsindo, owu nkwenkwe, unokukhwaza ngokwenene!

Ndifuna ukufunda ngobomi bakho. Injani iYiphutha? Wenza ntoni ukuzonwabisa? Nceda undibhalele, nokokuba utitshala wakho akakwenzi.

Umhlobo wakho wosiba,

Thabiso




## Ingqiqo nokuqonda

Imibuzo ekukhethwa iimpendulo:

1. **Le tekisi yi:**
   a. Ileta
   b. Umbongo

2. **Ucinga ukuba yintoni umhlobo wosiba?**
   a. Umhlobo okunika usiba
   b. Umhlobo okubhalela iileta

3. **Ufuna ukwazi ntoni uThabiso ngobomi buka Zizipho?**
   a. Into eyenziwa nguZizipho ukuzonwabisa
   b. Into athanda ukuyitya uZizipho





**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Uhambo olukhulu lukaShamiso**

UShamiso nosapho lwakhe babengakwazi kulinda iiholide zesikolo. Babeza kundwendwela usapho lwabo olwaluseZimbabwe. Endleleni, babecebe ukumisa kwiGreat Zimbabwe. UShamiso wayijonga kwi-intanethi. Wafunda ukuba yayisisixeko esikhulu nebhotwe elalakhiwe kudaladala.

"Kwowu! Kuyabukeka oku!" wacinga uShamiso. Wayenemincili ukutyelela indawo yookhokho bakhe.

EGreat Zimbabwe, usapho lwahlangana nompheleki wabakhenkethi. "Namkelekile eGreat Zimbabwe," watsho. "Le ndawo yakhiwa kumakhulukhulu eminyaka eyadlulayo."

Kwimyuziyam, uShamiso wabona amaso egolide, ucingo lwekopolo kunye namaso eglasi. "Loo maso asuka eTshayina!" watsho umpheleki. "Oku kusixelela ukuba abantu baseGreat Zimbambwe baberhwebelana nabantu kwihlabathi lonke." UShamiso waziva ezingca ngookhokho bakhe.



Okulandelayo, usapho lwandwendwela udonga olukhulu olungqukuva lwamatye. Bafunda ukuba esi sakhiwo sasakhelwe iikumkanikazi. Bafunda ukuba igama elithi Zimbambwe lithetha 'indlu enkulu yamatye'.

Emva koko, uShamiso nosapho lwakhe bandwendwela ilali. Le lali yayakhiwe njengeelali zookhokho babo. Babona abantu becula kwaye bedanisa kanye njengookhokho babo.

Ekugqibeleni, benyuka induli ukubona apho abantu bathandaza khona. UShamiso wema phezulu endulini waze wajonga kwizakhiwo ezihle ezazisezantsi.

"Wowu! Kuyabukeka oku! Ndiyazingca ngawo wonke lo msebenzi wawenziwe ngookhokho bethu!"

"Nam ngokunjalo!" watsho utata wakhe. Wayeziva onwabile kukuba usapho lwakhe lutyelele indawo yookhokho babo.



**Ingqiqo nokuqonda**

Imibuzo ekukhethwa iimpendulo:

1. **Babesiya phi uShamiso nosapho lwakhe ngeholide?**
   *UShamiso nosapho lwakhe babesiya e... ngeholide.*
2. **Ambonisa ntoni uShamiso amaso eglasi aseTshayina ngookhokho bakhe?**
   *Amaso eglasi abonisa ukuba ookhokho bakhe ba...*
3. **Kwakutheni ukuze utata kaShamizo azive onwabile?**
   *Utata kaShamiso waziva onwabile kuba...*

## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:







## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| na | ba |
| ga | ne |

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

nani

ayikho

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Ayikho le ize nabaphathi bethu. Nani nithule namkela yonke into. Abantu akufuneki balandele yonke into. Nosana xa lungakhali lufela embelekweni. Andazi nithi kuzawulungisa bani xa nithule. Asazi iya kuphelela phi. Nani nithi masiniyeke.**

## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

n a

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

inkcazelo

iintshaba



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| la | le |
| ka | ke |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

leliphi

kangaphi



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Nani dlalani nabanye kakuhle. Kudala ndinibona nidlala kakubi. Nasoloko nililisana xa nidlala. Dlalani kakuhle ninikane ithuba. Leliphi iqela eliphosayo? Lindanani kaloku musani ukutyhalana. Lizo linda ngapha.**



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

l  k

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

umlawuli

uhambo

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| m | f |

| | | |
|---|---|---|
| m | f | u |

| | | |
|---|---|---|
| m | f | e |

| | | |
|---|---|---|
| m | f | a |

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

imfama

imfihlo

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Imfama ayiboni. Ukumfameka kukungaboni unamehlo. Kukho iqela labantu elimfamekileyo. Bavule amehlo noxa bengaboni. Kuyimfuneko ukusebenzisa amehlo xa unawo. Xa uwavala unawo aya kohluthwa. Ibe yimfazwe embi ngaphakathi kuwe. Masifunde ukusebenzisa esinako.**

## Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| n | a | l | k | m | f |
| b | i | y | o | d | e |

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.

## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Keke kubo*

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### IiNtaba zelizwekazi iAfrika

Ilizwekazi lethu, iAfrika, lineentaba ezininzi. Enye kwezintaba yiKilimanjaro. IKilimanjaro yeyona ntaba iphakamileyo eAfrika. Ifumaneka kwilizwe ekuthiwa yiTanzania. Abantu abaninzi bafuna ukunyuka iKilimanjaro, kodwa kunzima ngenxa yobude bayo obukhulu. Okukhona ukhwela intaba, kokukhona kubanda. Usenokufumana ikhephu nomkhenkce encotsheni yeentaba eziphakamileyo kakhulu.

Ingaba uzimisele ukunyuka intaba? Nazi ezinye iintaba ezimbalwa zaseMzantsi Afrika ongazinyuka:

### IDrakensberg/uKhahlamba/iMaluti

Iintaba zoKhahlamba ziintaba ezintle.

Zifumaneka phakathi kobukhosi baseLesotho naKwaZulu. AmaNguni athi luKhahlamba.

AbeSotho bathi yiMaluti.

### Intaba yeTafile

Le ntaba ifumaneka eKapa. Izisa uninzi lwabakhenkethi eKapa. Abantu banyuka le ntaba ngalo lonke ixesha. Ungaqikelela ukuba kutheni ibizwa ngokuba yiNtaba yeTafile?

### Iintaba zeLubombo

Olu luhlu lweentaba lufumaneka kwiPhondo laseMpumalanga. ILubombo ligama lesiNguni elithetha impumlo enkulu.

Zikhona nezinye iintaba onokuzinyuka apha eMzantsi Afrika.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.
Khuphela uze ugqibezele:

| **Indawo** | **Igama le/i Ntaba** | **Inyaniso enomdla** |
|---|---|---|
| Tanzania | | Eyona ntaba iphakamileyo eAfrika |
| Phakathi kweLesotho neKZN | | Inamagama ama3 ahlukeneyo |
| | INtaba yeTafile | Inomphezulu othe tyaba |
| Mpumalanga | | Ibukeka ngathi yimpumlo enkulu |



## Imofoloji

Khuphela uluhlu lwamagama encwadini yakho.
Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esetyenziswe kwigama ngalinye.
Iththa ukuthini le mofimi?

1. **dlala**
2. **faka**
3. **baleka**
4. **uboya**

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**UMashudu uyatyelela**

Utata kaMashudu wafika ekhaya nencwadi evela kwithala leencwadi esihloko sithi, 'The New Seven Wonders of the World'.

"Asinamali yetikiti lenqwelomoya, kodwa iincwadi zingasithatha zisise naphi na!" watsho utata kaMashudu.

Emva kwesidlo sasemini bahlala esofeni ukuze bafunde incwadi.

"Masikhethe ukuba ngowuphi na kwimiMangaliso esixhenxe esifuna ukuwuhambela!" watsho uMashudu.

Kwiphepha lokuqala bafunda ngodonga olwaziwa njenge'The Great Wall of China'. Olu donga lwalakhelwe ukukhusela abantu baseTshayina. "Wowu! Ndicinga ukuba ngumMangaliso endifuna ukuwuhambela!" watsho uMashudu.

Okulandelayo, bafunda ngomfanekiso oqingqiweyo omkhulu kunene kaYesu eBrazil, ilizwe eliseMzantsi Melika. "Wowu! Ndicinga ukuba ngumMangaliso endifuna ukuwuhambela!" watsho uMashudu.



ImiMangaliso emibini elandelayo yayikwaseMzantsi Melika. Bafunda ngeMachu Picchu, isixeko esikhulu esasakhiwe ezintabeni kudaladala. Bafunda nangephiramidi eMexico eyayisetyenziswa ukujonga iinkwenkwezi. Kuyo yomibini le miMangaliso, uMashudu wathi, "Wowu! Ndicinga ukuba ngumMangaliso endifuna ukuwuhambela!"

Emva koko bafunda ngebala lezemidlalo eliseItaly, apho amajoni alwa ngamakrele esilwela ukufa. "Wowu! Ndicinga ukuba ngumMangaliso endifuna ukuwuhambela!"

Utata kaMashudu watyhila iphepha elilandelayo. Lalibonisa isakhiwo esihle esiseIndiya. “Ndifundile ngale nto!” watsho uMashudu. YiTaj Mahal eIndiya. Ndicinga ukuba ngumMangaliso endifuna ukuwuhambela!”

Ekugqibeleni, bafunda ngomMangaliso wesixhenxe. Le yayiyiPetra, isixeko esixhonkxwe kwilitye elibomvu. Esi sixeko sasilungiselelwe ukuqokelela amanzi awayegcina abantu bephila entlango.

Okokugqibela, uMashudu wabhala phantsi eyona ndawo babefuna ukuyityelela. Kodwa asikwazanga kuzifunda iimpendulo zabo! Ucinga ukuba uMashudu wabhala ntoni phantsi?



**Ingqiqo nokuqonda**

Bhala iimpendulo encwadini yakho.

1. **Wacacisa ntoni utata kaMashudu ngento enokwenziwa ziincwadi?**
   *Utata kaMashudu wacacisa ukuba iincwadi zinga…*
2. **Ngowuphi umMangaliso awakhe wafunda ngawo ngaphambili uMashudu?**
   *UMashudu wayefunde nge… ngaphambili.*
3. **Ngowuphi kule miMangaliso onokuthanda ukuwutyelela?**
   *Ndingathanda ukutyelela i… ngokuba…*



**Imofoloji**

Ithetha ukuthini le mofimi?

**bon**

Bhala uluhlu lwamagama asebenzisa le mofimi kwincwadi yakho yokubhala. Qala nge/ngo:

1. **bona**
2. **uyabona**

# Umxholo: Silungisa izinto

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Isaci

Ibinzana apho amagama aba nentsingiselo eyahlukileyo kunentsingiselo yawo ecacileyo.

Ukulungisa izinto kukugcina uxolo

Esi saci sithetha ukuba xa kukho into engahambi kakuhle okanye umntu enze impazamo, kubalulekile ukuyilungisa. Kufuneka ulungise izinto ukuze abahlobo kunye nosapho bavane kwaye kubekho uxolo phakathi komntu wonke.

Amabali:

**Igumbi lokufundela elonakalisiweyo**



**UMari Copeny: Iqhawekazi lamanzi**



## Isigama

| | |
|---|---|
| **lungisa:** | Ukwenza into isebenze kwakhona okanye ukuyilungisa. |
| **yonakalisa:** | Ukwaphula okanye ukonakalisa. |
| **cela uxolo:** | Ukuvakalisa ngomlomo ukuzisola xa ukhathaze umntu okanye wenze impazamo. |
| **ikwayara:** | Iqela labantu abacula kunye. |
| **qaphela:** | Ukuhoya/ ukunika ingqalelo ukuze ungenzi mpazamo okanye ulimale. |
| **iMichigan:** | IPhondo elizilawulayo eliseUnited States elidume ngamachibi amakhulu kakhulu alirhangqileyo. |
| **igorha:** | Umntu olwa ngesibindi, ingakumbi kumadabi nakwiimfazwe. |
| **intsumantsumane:** | Ingxaki enkulu kakhulu edinga ukulungiswa ngokukhawuleza. |
| **ngcolisa:** | Ukwenza umoya, amanzi okanye umhlaba ube mdaka kwaye ube nobungozi. |

## Isigama

| | |
|---|---|
| **inetyhefu:** | Inobungozi kwaye iyabulala kubantu, izilwanyana okanye izityalo. |
| **lungisa:** | Ukulungisa into eyophukileyo okanye ekrazukileyo ukuze ibonakale kwaye isebenze njengentsha. |
| **thunga:** | Ukudibanisa iziqwenga zelaphu usebenzisa inaliti kunye nerhali. |
| **inaliti:** | Isixhobo esibhityileyo, esibukhali esinomngxuma kuso esikunceda uthunge okanye uthunge ilaphu. |
| **irhali:** | Umtya obhityileyo osetyenziselwa ukuthunga okanye ukulungisa iimpahla. |
| **ihamile:** | Isixhobo esinentloko enzima kwintonga, esisetyenziselwa ukubetha izikhonkwane. |

**Buza usapho lwakho:**



Singalungisa ntoni kwikhaya lethu? Singakwenza njani oku?

Xa ndinengxaki endingaziyo ukuba ndingayilungisa njani, kufuneka ndenze ntoni?





## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| li | zi |
| lo | zu |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

ilifu

iziza



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Zonke izizwe zenza amasiko azo. Izizwe zehlabathi liphela zahluke ngamasiko. Amasiko aphucula abantu. Isizwe ngasinye sinenkcubeko yaso. Izinto ezihlanganisa abantu zahlukile. Zisusela kwintetho ukuya ekutyeni. Izidlo zabantu nazo zahlukile. Uluntu lonke lunezithethe zalo.



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

l z

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?


cela uxolo

ikwayara



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| ta | te |
| tu | ne |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

atekete

enkulu



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umalume ebetatazela izolo. Umama ebengayifuni le yokutatazela. Umama seqhelile ukuhlala nomalume. Ukholwa kukutatazela ahoye yena. Utata akafuni umama ateketise umalume. Uthi umalume makazenzele izinto zakhe. Umama uthi umalume nguntondo kowabo.



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

t e

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

qaphela

lungisa

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| n | k |

| | | |
|---|---|---|
| n | k | e |

| | | |
|---|---|---|
| n | k | a |

| | | |
|---|---|---|
| n | k | i |

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

inkomo

nenkamela

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Utata uthenge inkabi yenkomo izolo. Le nkabi yenkomo inkulu. Inentamo enkulu eneqeba. Izolo siyibophelele saya kukha amanzi. Ubhuti uthi ingayilayisha nenkamela. Andiqondi kuba inkamela inde kwaye iyasinda. Bekukho inkungu kusasa asisebenzanga kakuhle. Inkungu iyayithanda le lali yethu.

## Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| i | z | t | e | n | k |
| o | l | f | u | w | s |

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.

## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Holi lilo*

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### UHulisani noDakalo bancedisa ekuvuleni umlambo

UHulisani wayehlala edolophini. Ngexesha leeholide zesikolo wayendwendwela umakhulu wakhe. UMakhulu wayehlala ezilalini. UHulisani ebekonwabela ukuhlala noMakhulu. Iingxaki zaziqala xa kufuneka ahlambe. “Hayi Hulisani. Awukwazi ukusebenzisa amanzi amaninzi,” utshilo umzala wakhe uDakalo.

Wothuka uHulisani. Akukho mntu owakhe wamxelela ukuba angakanani na amanzi awayenokuwasebenzisa edolophini. “Dakalo nceda cacisela uHulisani ukuba izinto zisebenza njani apha ezilalini,” utshilo uMakhulu.

“Ilali yethu ayinamanzi. Abanye bathi kukho imbalela, ke kufuneka silumke,” ucacise watsho uDakalo.

Ngosuku olulandelayo, uDakalo kunye noHulisani bahambahamba. Njengoko babehamba, baphawula ukuba inxalenye yomlambo yayizele ngamanzi.

“Le ndawo yomlambo izele. Kwenzeka njani ukuba singabi namanzi?” wazibuza uDakalo. UHulisani wakhomba amatye athile emlanjeni.

“Kukhangeleka ngathi umlambo uvalwe ngala matye makhulu. Ndicinga ukuba awile, asuka entabeni.”

“Masiye kuxelela abanye abahlali,” watsho uDakalo. Kufuneka siwasuse la matye ukuvula umlambo. Ukuba senza oko, amanzi aza kubaleka angene elalini.

Abahlali belali bamamele uDakalo noHulisani. Bancedisa basusa amatye kwakhona, umlambo waqukuqela ukuya kwilali yabo. UMakhulu wabanga abazukulwana bakhe.

“Abasombululi bam beengxaki,” wavakala esitsho enebhongo koko kwenziwe ngabazukulwana bakhe.




## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Kwakutheni ukuze kubekho ingxaki xa uHulisani wayesiya kuhlamba?**
    a. Wayefuna ukusebenzisa amanzi amaninzi.
    b. Amanzi ayebanda.

2. **Yayiyintoni ingxaki elalini?**
    a. Maninzi amatye amakhulu.
    b. Ilali yayingenamanzi.

3. **Yasonjululwa njani ingxaki?**
    a. Abantu basusa amatye awayevale umlambo.
    b. Abantu basebenzisa amanzi amancinane.



## Imofoloji

Khuphela uluhlu lwamagama encwadini yakho.
Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esetyenziswe kwigama ngalinye.
Ithetha ukuthini le mofimi?

1. **umntu**
2. **abantu**
3. **ubuntu**
4. **isintu**



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## Igumbi lokufundela elonakalisiweyo

UZweli wafundela iklasi ibali lakhe waza wababonisa umzobo wakhe. UMnu Mabuya wawuthanda, "Ndingawuxhoma lo mzobo wakho Zweli?" wabuza njalo. Yamvuyisa le nto uZweli waza wavuma ukuba umzobo wakhe uxhonywe. Wayesazi ukuba ngentsasa yangoMvulo lo mzobo wawuza kubonwa ngumntu wonke.

Ngokuhlwa wachazela umama wakhe ezi ndaba zimnandi. Yayingathi alufiki usuku lwangoMvulo umzobo wakhe ubonwe ngumntu wonke. Kusasa ngoMvulo iklasi yayivunguziwe isoyikeka! Ibali likaZweli lalingekho. UMnu Mabuya wacacisa wenjenje, "NgoMgqibelo, iklasi yethu ibisetyenziswa yikwayala. Kukho umntu oxobule imifanekiso eludongeni. Ndikhathazekile kakhulu sesi senzo."

Ngoko kuhlwa uZweli wachazela umama wakhe. "Ibali lam alikho eludongeni lweklasi, kukho umntu olixobule walisusa. Iklasi yethu ibisetyenziswa yikwayala ngoMgqibelo," watsho uZweli elusizana.



"Ndiza kufowunela umakazi, nguye umqeqeshi wekwayala," watsho umama kaZweli.

Umama kaZweli wafowuna wachazela umakazi okwehlileyo. Wamamela. Emva kokumamela wathi, "Ndiyabulela ngale ngcaciso."

Kusasa ngosuku olulandelayo umakazi wayesesikolweni. "NguMaDlamini lo wekwayala," watsho uMnu. Mabuya.

"Ndiyaxolisa ngomsebenzi wenu owonakeleyo. Xa sisebenzisa iklasi yenu kwakhona siya kuqaphela," watsho uMaDlamini.

Akumka umakazi uMnu Mabuya wathi, "Masenze igumbi lethu libe lihle. Siqinisekile ngoku ngekhe lonakaliswe."



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Yayisetyenziswa ngubani iklasi ngoMgqibelo?**
   *...yayisebenzisa iklasi ngoMgqibelo.*
2. **Wafowunela bani umama kaZweli malunga neklasi eyonakalisiweyo?**
   *Umama kaZweli wafowunela u...*
3. **Wayezele ntoni umakazi uMadlamini esikolweni?**
   *Umakazi uMadlamini weza esikolweni kuba...*



## Imofoloji

Ithetha ukuthini le mofimi?

**ink**

Bhala uluhlu lwamagama asebenzisa le mofimi kwincwadi yakho yokubhala. Qala nge/ngo:

1. **inkomo**
2. **inkokheli**



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| ya | yi |
| ha | ho |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

yiyo

ihoye



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Yiyo le nkomo inamathole amabini. Iwahoye ngathi ngumama ehoye usana. Isoloko ihamba nawo omabini. Xa ibona osondelayo iyahesha. Ikhonya uqonde ingakubulala xa usondela. Ihashe liyeke inkomo laleqa ithole. Lihoboloze libhonga labaleka.



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

y h

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?


iMichigan

igorha

## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:




## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| da | di |
| me | mo |

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

idiniwe

memela

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Inkabi katata yeyele. Yeyele isiya kusela. Siyikhangele sade sayifumana. Siyive ibhonga sikude sema samamela. Utata ebedubeke emoyeni ngenkomo yakhe. Sifike ilele ngecala idengile idiniwe. Safika sayihlangula sayikhupha.**

## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

d m

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

inetyhefu

ngcolisa



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | | |
|---|---|---|
| k | h | w |

| | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| k | h | w | i | k | h | w | e | k | h | w | a |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

ikhwelo

ndikhwina



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Ikhwapha lam liyarhawuzela. Usisi ukhwebe uNana wathi makalande iyeza. UNana akakhange abone ukuba uyabizwa.**

**Ikhwelo likabhuti limenze wabheka. Uhambe wabuya neyeza. Ukurhawuzela kudambile ndiyadlala ngoku. Iyeza ndiliqabe ndikhwina kuba litshotshozela. Linditshise ndakhwaza umama ndikhala.**



## Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| y | h | d | m | kh | w |
| e | a | k | i | o | l |

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Imela umile*



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Amanyathelo okusombulula ingxaki**

**Inyathelo loku1: Chonga ingxaki**

Ingxaki yiyo nantoni na eyenza ubomi bube nzima. Oku kunokuba yiyo nantoni na eyenza ukuba soyike, sibenexhala okanye umsindo xa sicinga ngayo. Okokuqala kufuneka sazi ukuba yintoni ingxaki.

**Inyathelo lesi2: Buza ukuba kutheni**

Ukubuza 'Kutheni lento iyingxaki?' kusinceda sisombulule ingxaki. Ukuba siyayiqonda ingxaki, sinokucinga malunga nendlela yokuyilungisa.

**Inyathelo lesi3: Buza ukuba njani**

Zama ukucinga ngokuyila izisombululo ezahlukeneyo.Cinga ngeengcamango ezininzi kangangoko kunokwenzeka.

**Inyathelo lesi4: Zama eyona ngcamango ilungileyo**

Emva kokubuza ukuba njani, khetha eyona ngcamango ilungileyo kwaye uzame ukulungisa ingxaki.

**Inyathelo lesi5: Cela uncedo**

Ukuba ingxaki inkulu kakhulu ukuba ungayisombulula, cela uncedo. Khumbula, ukusombulula ingxaki kudinga uqeqesho. Qhubeka usebenzisa la manyathelo, kwaye uya kuba ngcono ekufumaneni izisombululo!



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.
Khuphela uze ugqibezele:

| **Inombolo yenyathelo** | **Inyathelo** |
|---|---|
| | Chonga ingxaki |
| | Cela uncedo |
| Inyathelo lesi3 | |
| Inyathelo lesi2 | |
| | Zama eyona ngcamango ilungileyo |



## Imofoloji

Khuphela uluhlu lwamagama encwadini yakho.
Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esetyenzisiwe kwigama ngalinye.
Iithetha ukuthini le mofimi?

1. **upheka**
2. **uyapheka**
3. **wapheka**
4. **pheka**

**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**UMari Copeny: Iqhawe elalwela amanzi**

Kwidolophana iFlint kwelaseMelika kwabakho ingxaki yekhemikhali eyathi yangcolisa amanzi. Kwagula abantu abaninzi ngenxa yokusela amanzi anetyhefu.

Kwikhaya likaMari zatshintsha izinto kwafuneka besele amanzi athengwayo akwiibhotile zeplastiki. UMari wathatha isigqibo sokubhalela uMongameli ileta amcele eze kule ndawo ahlala kuyo. “Ungadani ke Mari xa ingaphendulwa ileta yakho. Kaloku zininzi



iileta eziya kuMongameli, ezinye azifiki kuye," wacacisa njalo umama wakhe.

Emva kwenyanga yabuya impendulo ngefowuni isamkela isicelo sikaMari sokundwendwela eFlint. Ekufikeni kwakhe uMongameli Obama kwidolophana kaMari waba nengxoxo noMari.

Wathi akuyibona imeko yale dolophana wayalela ukuba ilungiswe ngokukhawuleza.

Ngelishwa ukulungisa le meko kwathatha ixesha elide.

UMari wancedisa abantu bafumana amanzi.



**Ingqiqo nokuqonda**

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Yayiyintoni ingxaki yedolophana iFlint?**
   *Ikhemikhali ya… amanzi.*
2. **Wenza ntoni uMari ukuzama ukunceda?**
   *UMari wa… uMongameli Obama i… wamcela andwendwele le dolophana yakhe.*
3. **Baguliswa yintoni abantu baseFlint?**
   *Abantu baseFlint babeguliswa…*



**Imofoloji**

Ithetha ukuthini le mofimi?

**ii**

Bhala uluhlu lwamagama asebenzisa le mofimi kwincwadi yakho yokubhala. Qala nge/ngo:

1. **iinkomo**
2. **iinkolo**

# Umxholo: Sizama ukunyaniseka

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Iqhalo

Intetho emfutshane enika ingcebiso. Amaqhalo rhoqo asebenzisa ulwimi olunentsingiselo efihlakeleyo enjengezikweko.

Inyaniso ibuhlungu kodwa iyanceda

Eli qhalo lithetha ukuba ngamanye amaxesha xa uthetha inyaniso, abantu bangacaphuka okanye bakhathazeke. Kodwa ekugqibeleni ukuthetha inyaniso yinto echanekileyo kuba ihlala ilungisa iimeko. Eli qhalo libonisa ukuba kubalulekile ukunyaniseka kuba libonisa ukuba uthembekile kwaye wenza into elungileyo.

Amabali:

**Isacholo esiluhlaza**



**Umalusi owakhwaza wathi 'ingonyama'**



## Isigama

| | |
|---|---|
| **unyanisekile:** | Uthetha inyaniso uze wenze izinto ezifanelekileyo. |
| **ukunganyaniseki:** | Into echasene nokunyaniseka ukungathethi nyani. |
| **isacholo:** | Ihombo yobucwebe oyinxiba esihlahleni sakho. |
| **bengezela:** | Ukukhazimla kwaye iqaqambe, njengeenkwenkwezi. |
| **buka:** | Ukuthabatheka yinto kwaye uyithande kakhulu. |
| **abantu belali:** | Abantu abahlala elalini. |
| **hlasela:** | Ukuzama ukulimaza umntu okanye into. |
| **qhatha:** | Ukwenza umntu akholelwe into engeyonyani. |

## Isigakhohlisa

| | |
|---|---|
| **khohlisa** | Ukuqhula umntu okanye ukukhohlisa. |
| **leqa/ sukela:** | Ukubaleka emva komntu okanye into ukuzama ukumbamba. |
| **ithemba:** | Ukukholelwa emntwini ukuba athethe inyaniso kwaye enze oko akuthethayo. |
| **inyaniso:** | Okwenzekileyo ngokwenene okanye oko kuyinyaniso. |
| **ubuxoki:** | Ukuthetha into engeyonyani ngenjongo. |
| **yophula:** | Ukwenzakalisa okanye ukonakalisa into ethile, okanye ukuyenza ingasebenzi kwakhona. Usenokukwaphula ukuthembela komntu kuwe ngokungathethi inyaniso. |
| **yophukile:** | Into engasebenziyo, yonzakele, okanye yonakele. |

**Buza usapho lwakho:**




Ngamanye amaxesha siyaphosisa kuba sizama ukwenza ngcono izinto. Ucinga ukuba yinto elungileyo leyo?


Ucinga ukuba iinkokheli zethu kufuneka zinyaniseke? Ngoba?



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:




## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| sa | so |
| bu | lu |

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

usisi

umama

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Usisi usula udonga. Usisi usula udonga ufuna lube luhle. Umama yena usinda kuronta. Umama usinda kakuhle kunosisi.

Usisi usuka arhonoze xa esinda. Umama uthi usisi sube eleqa ukugqiba. Usisi usuke wahleka akutsho umama.

## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

s u

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

ukunganyaniseki

bengezela



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| wa | we |
| ngo | ngu |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

wena

ngungana



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**La mawele ayafana. Amanye amawele awafani. Uyawazi wena la mawele afanayo? Usisi ngathi wayefunda nawo. Uthi ayengakuthandi ukohlulwa. Ngenye imini utitshala wawohlula. Yayingathi imini ayipheli kuwo.**



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

w ng

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

buka

ithemba

### Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | | |
|---|---|---|
| n | c | w |

| | | | |
|---|---|---|---|
| n | c | w | a |

| | | | |
|---|---|---|---|
| n | c | w | e |

| | | | |
|---|---|---|---|
| n | c | w | i |

### Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

ncwaba

incwadi

### Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**ULolo ulahle incwadi yesikolo. Ndiyaqonda uncwase ukuba eyam. Eyam incwadi ithe ncwaba ebhegini yam. Uyancwina ngathi uyagula. Uza kubethwa ngumama ngenxa yencwadi. Siyikhangele le ncwadi asayifumana. Ingaba itshone phi le ncwadi? Inene sisimanga esale ncwadi.**

### Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| s | u | w | ng | n | c |
| a | i | m | k | e | b |

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.

### Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Nam ninemela*

### Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Ileta yomgunyathi**

UThabo wayenexhala ngabazali bakhe.

“Bayaxabana,” wacinga njalo. UThabo wabhala kwidayari yakhe, “kumele ndifumane indlela yokwenza abazali bam bonwabe.” UThabo wajonga isitiya sikaMnu Pike ongummelwane wakhe.

Sasigcwele ziintyatyambo ezintle.

“Molo Thabo, ingaba uyazonwabela iiholide zesikolo?” wabuza uMnu Pike.

“Molo Mnu Pike. Ewe ndiyazonwabela,” waphendula uThabo, ebuka iintyatyambo ezintle kwisitiya sakhe.

“Utata uthe ucela iintyatyambo,” watsho uThabo.

“Ndiyamthanda utata wakho. Yiza angazifumana,” waphendula uMnu Pike.

UThabo weva kakubi ngokuxoka. Kodwa oko akuzange kumthintele ukuya esitiyeni sikaMnu Pike. Wangena esitiyeni wakha iintyatyambo ezili12 ezimibalabala.

Kamva uThabo wanika umama wakhe iintyatyambo. Wathi, “Mama! nazi iintyatyambo neleta zivela kutata.”

Umama kaThabo wancuma luvuyo. “Ndiyasithanda esi sipho, iintyatyambo zinuka kamnandi.”

Njengoko wayefunda ileta, wabona okuthile. “Thabo lo ngumbhalo wakho wesandla. Kutheni uxoka?”

“Ndibhale ileta yobuxoki ukuze ndikwenze umthande utata,” watsho uThabo. Bendifuna nivane kwakhona.

“Ngoba? Mna notata wakho siyathandana nje.”

“Bekutheni wena notata beningathethisani emotweni izolo?” wabuza uThabo. Umama wahleka, “Besimamele ibali kunomathotholo.” UThabo waziva ebuhlungu ngenxa yokunganyaniseki kwakhe.

Umama wakhe wathi, “Nyana wam, ndicela ungaphindi ubuxoki. Nokuba uthetha kakuhle, ayisoze ibe yinto elungileyo.”

## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Lingantoni eli bali?**
   a. Inkwenkwe ethetha ubuxoki ukuze abazali bayo bathandane.
   b. Inkwenkwe eba iintyatyambo ize ithethe ubuxoki.

2. **Ngubani uMnu Pike?**
   a. Indoda ethengisa iintyatyambo.
   b. Ummelwane kaThabo.

3. **Kwakutheni ukuze uThabo acinge ukuba abazali bakhe babengonwabanga?**
   a. Ngenxa yokuba babeqhawula umtshato.
   b. Kuba babengathethisani emotweni.

## Imofoloji

Khuphela uluhlu lwamagama encwadini yakho.
Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esetyenziswe kwigama ngalinye.
Iththa ukuthini le mofimi?

1. **isikhova**
2. **isitulo**
3. **isitya**
4. **isimemo**

**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## Isacholo esiluhlaza okwesibhakabhaka

Ngenye imini esendleleni egodukayo, uZandile wabona into endleleni ecaleni komzi wakowabo. Yayisisacholo esiluhlaza okwesibhakabhaka. Wasichola wabaleka wagoduka.

"Jonga into endiyifumeneyo!" waxelela umama wakhe.

"Uyifumene phi loo nto?" wabuza umama wakhe.

"Ndiyifumene, ke ngoku yeyam!" wayifaka engalweni yakhe. Ngentsasa elandelayo, uZandile wajonga isacholo sakhe esitsha, sasimenyezela kakhulu. Wabona ummelwane wakhe, uGeeta endleleni elaqa laqaza.

"Wenzani?" wabuza uZandile kuGeeta.

"Ndikhangela isacholo sam," watsho uGeeta.

UZandile wayezibuza ukuba ingaba ayisiso esa sacholo asifumeneyo, watsala umkhono wakhe ezantsi wasifihla.



"Ndiyathemba ukuba uyakusifumana!" watsho kuGeeta.

Wangena ngaphakathi uZandile wacinga ngesacholo sakhe. Sasikhazimla kwaye sisihle.

"Ingaba esi sacholo sesi sikaGeeta silahlekileyo?" wacinga. Wabeka isacholo kude. Ngosuku olulandelayo esikolweni, uGeeta wayesakhathazekile elusizi.

"Ndiphulukene nesacholo sam endisithandayo esiluhlaza okwesibhakabhaka esimenyezelayo," watsho uGeeta.

UZandile wayesazi ukuba sesa sacholo asifumeneyo.

“Kodwa ndisifumene, sesam ngoku,” wacinga njalo.

Ekhaya, uZandile waphinda wajonga isacholo.

Wacinga ngendlela awayelusizi ngayo uGeeta ayamonwabisa tu loo nto. Wakhulula isacholo wasifaka epokothweni. Wawela isitalato waya kuloGeeta.

“Jonga into endiyicholeyo!” watsho uZandile ebonisa isacholo emoyeni.

“Enkosi Zandile!” watsho uGeeta. UGeeta wayevuyiswa kukufumana isacholo sakhe. UZandile waziva onwabile.



**Ingqiqo nokuqonda**

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Ngubani owachola isacholo endleleni egodukayo?**
   *…wachola isacholo endleleni egodukayo.*
2. **Sasinombala onjani isacholo esimenyezelayo?**
   *Isacholo esimenyezelayo sasinombala o…*
3. **Yayingubani umnini wesacholo?**
   *Umnini wesacholo ngu…*



**Imofoloji**

Ithetha ukuthini le mofimi?

**ile**

Bhala uluhlu lwamagama asebenzisa le mofimi kwincwadi yakho yokubhala.
Qala nge/ngo:


1. **utyile**
2. **uhambile**



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:






## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| ga | go |
| lo | mo |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

galela

oyena



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Galela isiselo unike umama. Wena uzigalelele xa egqibile umama. Ungagaleli siphuphume. Goba uvove xa uhambisa isiselo. Oko kubonisa ukuhlonipha. Oyena uphucukileyo ngohloniphayo. Uze ungakulibali oko.**



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

g o

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda


Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

hlasela

qhatha

## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:







## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| nyo | nyu |
| fi | fu |

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

inyoka

ufudo

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ufuna ndikuthengele ntoni? Awuyifuni ikati udlale nayo? ULolo yena ufuye ufudo. Uthi uthanda inyoka qha uyayoyika. Abanye abantu bayayitya inyama yenyoka. Utata uthi linyala ukutya inyoka. Andiyazi eyona nyaniso.

## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

ny f

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.

## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

leqa/sukela

yophula



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| g | w |

| | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| g | w | a | | g | w | e | | g | w | i |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

igwele

ubugwala



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Igwala liyasinda amaxesha amaninzi. Bayahleka abantu libe igwala lisindile. Licula amagwijo livuyela ukusinda engozini.**

**Ukuzigwagwisa ngobukroti akulunganga. Amakroti ayalimala emfazweni. Ndikhetha ubugwala kunekroti. Andifuni kulimala edabini. Ndigwegweleza ndihambele kude edabini.**



## Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| g | o | ny | f | w | a |
| u | l | e | n | b | j |

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Ipani ipapa*

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### Thetha inyaniso

Iiklasi zethu zinemithetho, kwaye amaxesha amaninzi 'thetha inyaniso' yenye yale mithetho. Ingaba lo ngumthetho eklasini yakho?

### Yintoni ukuxoka?

Ukuxoka kuxa umntu ethetha into engeyonyani.

Abantu baxoka ngezizathu ezahlukahlukeneyo. Ngamanye amaxesha, baxoka ukuze bafumane into abayifunayo. Ngamanye amaxesha, baxoka ukuhlekisa okanye ukwenza isiqhulo. Ukuze bangazikhathazi iimvakalelo zomntu.

### Ingaba uqinisekile?

Kulungile ukungaqiniseki ngento ethile.

Musa ukwenza ngathi kukho into oyaziyo kwaye uxoke ngayo.

### Ukubaluleka kokunyaniseka

Ukunyaniseka kukuthetha inyaniso. Xa sithetha inyaniso, abantu mabasithembe ngakumbi.

### Into elungileyo onokuyenza


- Musa ukuwakhuthaza amaxoki ngokuwaphulaphula, okanye ngokuhleka iziqhulo zabo.
- Xa umntu enikezela ngolwazi angaqinisekanga ngalo, cela ubungqina.
- Musa ukusasaza ulwazi ongaqinisekanga ngalo.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.
Khuphela uze ugqibezele.
Tshatisa imiqolo ukuze izivakalisi zinike intsingiselo:

| | | |
|---|---|---|
| 1 | Ukuthembeka | ukuze bafumane oko bakufunayo. |
| 2 | Kulungile | kubalulekile. |
| 3 | Abantu bayaxoka | ukungaqiniseki ngento ethile. |



## Imofoloji

Khuphela uluhlu lwamagama encwadini yakho.
Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esetyenziswe kwigama ngalinye.
Ithetha ukuthini le mofimi?

1. **hleka**
2. **ukuhleka**
3. **wahleka**
4. **uyahleka**

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### UMalusi owakhala wathi 'ingonyama'

Yonke imihla, uMonwabisi wayesalusa iinkomo zakhe edlelweni. Ngokuhlwa, weva abantu belali bethetha.

"Ndiva ukuba ingonyama ibalekile epakini," watsho omnye wabahlali.

"Singenza ntoni xa ingonyama ifika ize kuhlasela iinkomo zethu?" wabuza omnye umhlali. Ngentsasa elandelayo, uMonwabisi wahamba ecaleni kocingo lwepaki.

Wayezibuza ukuba kuya kwenzeka ntoni ukuba iingonyama zingahlasela iinkomo zakhe. Emva koko wakhwaza esithi, "Ingonyama! Nantso ingonyama ileqa iinkomo zam!" Abahlali belali beza bebaleka ukuza kumnceda.

Xa befika kucingo lwepaki, kwakungekho ngonyama. UMonwabisi wagigitheka waphela yintsini.

"Musani ukukhala nithi 'ingonyama' xa kungekho ngonyama," watsho omnye wabahlali enomsindo. Bahamba bamshiya apho uMonwabisi. Ngenjikalanga elandelayo, uMonwabisi waphinda wabaqhatha abantu belali.



"Ingonyama! Ingonyama! Kukho ingonyama eleqa iinkomo zam!" Wakhwaza abahlali belali babaleka beza kuye kwakhona. Bathe bakufika kuye kwakungekho ngonyama.

"Bubukrwada le nto yokumana usiqhatha," watsho omnye umhlali. Ngosuku olulandelayo, uMonwabisi wahlala ngasemlanjeni. Ngesaquphe, iinkomo zenza ingxolo. Ingonyama yatsiba yaza yaleqa ithole elitsha.

"Ingonyama! Ingonyama! Kukho ingonyama eleqa iinkomo zam!" uMonwabisi wakhwaza.

Ngesi sihlandlo, akukho mntu wabalekayo ukuya kumnceda. Abantu belali bazibuza ukuba uMonwabisi uyephi. Bamkhangela. Babona ingonyama isidla ithole. Bamfumana noMonwabisi elila.

"Bekukho ingonyama ngenene. Umhlambi wam uye we saa." Ixhego lazama ukumthuthuzela uMonwabisi endleleni.

"Siya kukunceda kusasa, ungaze uphinde uxoke kwakhona," latsho ixhego. Ukususela ngaloo mini, uMonwabisi akazange aphinde abaqhathe abahlali.



**Ingqiqo nokuqonda**

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Yayingubani umalusi?**
   *Umalusi yayingu...*
2. **Wayephi uMonwabisi xa iinkomo zakhe zazingxola?**
   *UMonwabisi wayese...*
3. **Ngubani owathuthuzela uMonwabisi?**
   *...lathuthuzela uMonwabisi.*



**Imofoloji**

Ithetha ukuthini le mofimi?

**ile**

Bhala uluhlu lwamagama asebenzisa le mofimi kwincwadi yakho yokubhala. Qala nge/ngo:

1. **bathengile**
2. **ubuyile**

# Umxholo: Imfundo yethu

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Ucaphulo

Amagama okwenyani athethwe ngumntu ngento ethile. Xa umntu ethetha into enamandla okanye enentsingiselo, siyawaqaphela amazwi abo ukuze sikwazi ukuwaphinda.

"Imfundo sisixhobo esinamandla kakhulu onokusisebenzisa ukutshintsha ihlabathi." Nelson Mandela.

Abantu abaninzi bacinga ukuba kufuneka izixhobo ezifana nemipu neziqhushumbisi ukuze kutshintshwe izinto ehlabathini. UNelson Mandela wayesazi ukuba eyona nto inamandla kakhulu sisixhobo semfundo. Wayethetha ukuba xa siqhubeka sifunda, sinokusebenzisa ulwazi lwethu nezakhono zethu ukutshintsha ihlabathi ngendlela elungileyo.

Amabali:

**Ubomi obungenamida**



**UMalala ulwela imfundo**




## Isigama

| | |
|---|---|
| **iTanzania:** | Ilizwe eMpuma Afrika elineyona ntaba iphakamileyo eAfrika. |
| **imfundo:** | Ukufunda esikolweni okanye kwabanye ukuze wazi ngokubanzi kwaye wazi izinto ezintsha. |
| **umda:** | Elona nqanaba okanye indawo into enokufikelela kuyo. |
| **vumela:** | Ukuthi umntu angenza into ethile; ukunika imvume. |
| **igqwetha:** | Umntu ofunde umthetho nonceda abantu abaneengxaki zomthetho. |
| **iPakistan:** | Ilizwe eMzantsi Asia, elaziwa ngeentaba zalo ezinde nokutya okunencasa. |
| **ithuba:** | Ithuba lokwenza into entle, enjengokufunda okanye ukuzama umsebenzi omtsha. |
| **thintela:** | Ukwenza umthetho wokuba into ayivumelekanga. |

## Isigama

| | |
|---|---|
| **engavumelekanga:** | Into ongenakuyenza okanye echasene nomthetho. |
| **ibhlog:** | Indawo kwi-intanethi apho ubani abhala izimvo zakhe namabali ukuze abanye bafunde. |
| **isifundo:** | Into ofunda ngayo esikolweni, njengezibalo, ukufunda, okanye isayensi. |
| **ukufunda:** | Ukuchitha ixesha ufunda kwaye uzilolonga ukuze ukhumbule okanye uqonde into ethile. |
| **uphumelele isidanga:** | Ukugqiba inqanaba elibalulekileyo lesikolo (njengokugqiba isikolo samabanga aphantsi okanye samabanga aphakamileyo). |
| **uthweso sidanga:** | Umbhiyozo okhethekileyo xa abantu begqiba isikolo baze bafumane isatifiketi okanye idiploma. |
| **umsebenzi:** | Uhlobo lomsebenzi owenziwa ngumntu xa ekhula, njengokuba ngutitshala, ugqirha okanye igcisa. |

**Buza usapho lwakho:**





## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| kha | khe |
| hla | hlu |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

ekhaya

hlafuna



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Ekhaya sibane. Kukho utata, umama, usisi kunye nam. Sikhule sihlala kuronta nomama. Sasonwabile sihleka yonke imihla.

Utata ufike ekhaya sesibadala. Wayehlala eGoli utata. Ukhona ngoku wabuya sihlala naye.



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

kh hl

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?


iTanzania


umda



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:






## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| dla | dlo |
| bhi | bho |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

udlokove

bhibhidla



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

ULolo akanaso isimilo. Izolo udlokove wahamba utata ethetha. Uthi utata ubhibhidla amazinyo. Umakhulu uthi uLolo uza kutyiwa yibhere. ULolo uthi umakhulu uyadlala. Andifuni kutyiwa yibhere. Ndiza kudlalela kude kuLolo.



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

dl bh

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

igqwetha

uphumelele isidanga



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | | |
|---|---|---|
| n | d | w |

| | | | |
|---|---|---|---|
| n | d | w | a |

| | | | |
|---|---|---|---|
| n | d | w | e |

| | | | |
|---|---|---|---|
| n | d | w | u |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

ndweba

undwebe



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Undwebe kakhulu lo mfana. Usoloko elaqaza lonke ixesha. Abantu bathi ayikokundweba oku koko ligeza. Akabukeki umfana ondwebe kakhulu. Indwe yona iyabukeka kuba iyazithanda. Izolo utata ebenondwendwe oluvela eNdwe. Ngumfo owayefunda notata kudala. Lufike lwandweba ngathi luyasazi.



## Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| kh | hl | dl | bh | nd | w |
| u | l | i | s | a | e |

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Iqaqa iqili*

**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## UFikile uchaza ixesha

UFikile wayeneminyaka eli10. Wayethanda amanani nezibalo. Wayebala yonke into emngqongileyo. Ngenye imini, abahlobo bakhe bamnika ifani yokudlala.

"Ukusukela namhlanje unguFikile Manani," batsho behleka. UFikile kwakukho into eyayimenza iintloni. Wayengakwazi ukuxela ngokuchanekileyo ixesha ewotshini. Ixesha wayelixela kanje, "Intonga enkulu ikweli nani, intonga encinane ikweli nani."

Abahlobo bakhe babedla ngokuhlekisa ngaye, bathi, "UFikile usalibalisa ixesha ngokungathi lusana."

"Njani ndiwazi kangaka amanani kodwa ndoyiswa kukuxela ixesha?" UFikile wabuza udade wabo uNosipho.

"Musa ukuzikhathaza. Kuthatha ixesha nokusebenza nzima ukufunda nantoni na," utshilo uNosipho. UNosipho wanika uFikile iwotshi encinci. Le wotshi yayinesivusilizwi.

Le wotshi yamvusa uFikile xa esiya esikolweni.

Yathi, "Vuka! Yintsimbi yesi6!" UFikile wajonga iwotshi yakhe wabona ukuba intonga enkulu yayikwi12, ngelixa encinci yayikwi6. Waqala ke ngoko ukufunda ukuxela ixesha. Kungekudala,wayenokulixela kakuhle ixesha! UNosipho wayezingca ngodade wabo.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Lingantoni eli bali?**
   a. Intombazana eyayisazi iZibalo kodwa ingakwazi ukulichaza ixesha.
   b. Iwotshi ekwaziyo ukuthetha.

2. **Liliphi igama elifanelekileyo lezinti ewotshini ?**
   a. iingalo
   b. izandla

3. **Kuthatha ntoni ukufunda izinto ezintsha?**
   a. Ithamsanqa elininzi.
   b. Ixesha kunye nokusebenza nzima.



## Imofoloji

Khuphela uluhlu lwamagama encwadini yakho.
Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esetyenziswe kwigama ngalinye.
Ithetha ukuthini le mofimi?

1. **baphumile**
2. **sityile**
3. **bahambile**
4. **iselile**



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## Ubomi obungenamida

URebeca wazalelwa eDodoma eTanzaniya. URebeca wakhula esazi ukuba imfundo ibalulekile. “Isikolo sibaluleke kakhulu,” watsho umama kaRebeca. Kwaye umakazi wakhe wayesoloko esongeza, “Imfundo iya kukunika ubomi ngaphandle kwemida.”

Amanye amantombazana kwisikolo sikaRebeca asiyeka isikolo. La mantombazana awazange afumane nkuthazo nankxaso kumakhaya awo. “Umkhuluwa wam uthi amantombazana awahlakaniphanga njengamakhwenkwe,” yatsho njalo enye intombazana efunda noRebeca. Omnye umfundi ofunda naye wathi.

“Umama uthi umtshato ubalulekile kumantombazana kunemfundo.”

Xa uRebeca wayefunda kwisikolo samabanga aphakamileyo eKilaka, wabona ukuba amantombazana amaninzi akrelekrele, ayesiyeka isikolo. Ayetshatiswa abe ngabatshakazi abaselula.



“Kutheni kungekho makhwenkwe ayeka isikolo?” wazibuza uRebeca.

Ngokuhlwa, uRebeca wakhala kubazali bakhe esithi, “Ncedani nindivumele ndiqhubeke nesikolo.”

Umama nomakazi wakhe bamkhumbuza kwakhona ukuba, imfundo ibalulekile. Bamxelela ukuba imfundo iya kumnika ithuba lokwenza nantoni na ngobomi bakhe. URebeca waziva enethamsanqa ngokuba nabazali ababemkhuthaza.

URebeca wafundela ubugqwetha kwiYunivesithi yaseDar es Salaam. ETanzaniya, umthetho wawuvumela amantombazana ukuba atshate eneminyaka eli14 ubudala. Lo mthetho wenza ukuba amantombazana amaninzi ayeke isikolo ukuze abe ngoomakoti.

URebeca wazixelela ukuba uza kuzama ngandlela zonke ukuwuguqula lo mthetho. Yena neqela lakhe lamatsha ntliziyo basebenze nzima ukutshintsha inkqubomthetho.

URebeca wayedla ngokuthi, “Naliphi na isiko elenzakalisa amantombazana ayilosiko lokugcinwa.” Abantu abaninzi bathi udelela inkcubeko yabo.

URebeca wavula ityala lakhe kweyona nkundla iphakamileyo yaseTanzaniya. Iijaji zavumelana naye kunye neqela lakhe. Waze lo mthetho watshintshwa. Ngoku amantombazana anokutshata kuphela xa eneminyaka eli18 iminyaka ubudala.

URebeca akazange ayeke emva kokutshintsha umthetho. Waqhubeka ukunceda amantombazana, wenza ukuba aqonde ukubaluleka kwemfundo.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Wazalelwa phi uRebeca?**
   *URebeca wazalelwa...*
2. **Amabanga aphakamileyo uwafunde phi uRebeca?**
   *URebeca ufunde amabanga aphakamileyo...*
3. **URebeca ufunde ntoni eyunivesithi?**
   *URebeca ufunde...*



## Imofoloji


Bhala uluhlu lwamagama asebenzisa le mofimi kwincwadi yakho yokubhala. Qala nge/ngo:

1. **sithenge**
2. **bathathe**



## Izandi

Tshintshanani ukuhlaziya ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| vi | vu |
| thi | tho |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

uvuye

thothisa



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Usana lukasisi luyathetha. Luvele lwathetha singalindelanga. Usisi uvuye wacula akuluva. Uthathe imini yonke emana ecula. Utata uvakele esithi sisimanga. Lusavuthela kuba luza amazinyo. Ubuso bukasisi buzele luvuyo.



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

v th

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

iPakistan

ithuba



## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | |
|---|---|
| pho | phu |
| qa | qe |



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

uphuphe

qethuka



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Usisi uphuphe kakubi izolo. Uqale waphuthelwa ixesha elide. Ukhale sothuka sonke. Umama uthathe iyeza waqhumisa.

Uqale watshiza kuqala. Uphume wajikeleza indlu etshiza. Ndilele kuqala kubo bonke.



## Ukuenkhowuda

Fumana onke amagama ebalini asebenzisa:

ph q

Bhala uluhlu lwala magama kwincwadi yakho yokubhala.



## Ingqiqo nokuqonda

Xoxa neqabane lakho:
Athetha ukuthini la magama omxholo?

ibhlog

umsebenzi

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amalungu.

| | | |
|---|---|---|
| c | h | w |

| | | | |
|---|---|---|---|
| c | h | w | e |

| | | | |
|---|---|---|---|
| c | h | w | a |

| | | | |
|---|---|---|---|
| c | h | w | i |

## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama.

chwechwa

echwayitile

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umama uyachwechwa xa ehamba. Uchwayiza angavakali tu. Angasebenza agqibe nilele ningeva. Usoloko esebenza echwayitile. Uthi livila elisebenza liqumbile. Usisi yena uqumbile uphethwe luchwane. Uyathandwa luchwane ebusika. Ndiyathandaza lungandifumani.

## Ukuenkhowuda

Sebenzisa ezi zandi zingezantsi ukwenza amagama:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| v | th | ph | q | ch | w |
| e | l | a | u | k | y |

Bhala la magama kwincwadi yakho yokubhala.

## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Izandi izula*

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Kutheni sibhala?**

"Kutheni abantu bebhala?"

Utitshala uthe, "Hambani niye ekhaya ze nicinge izizathu zokuba kutheni abantu bebhala."

Ndifike endlwini, ndacinga ngesizathu esinye kuphela. Sibhala ukuze sithumele imiyalezo.

Ndabuza utata umbuzo. Waphendula wathi: "Ukubhala kubaluleke kakhulu, mntwana wam. Sifuna ababhali kweli hlabathi ukugcina ingxelo yayo yonke into esiyifundayo. Singazifundisa ngokufunda."

Ndongeze impendulo katata kuluhlu lwam.

Ngosuku olulandelayo, utitshala wethu wasihlalisa kwisangqa. "Kulungile klasi, masabelane sithethe. Kutheni abantu bebhala?" wabuza utitshala wethu kwakhona.

**Nazi iimpendulo eziqhelekileyo esizinikileyo:**

- "Sibhala ukuze sabelane ngolwazi."
- "Sibhala ukuze singalibali."
- "Sibhala ukugcina ingxelo yoko sikufundileyo."
- "Sibhala ukubalisa amabali."

Emva koko utitshala wethu wongeze wathi, "Ukubhala kusivumela ukuba sabelane ngamaphupha ethu."


Bendiyithanda impendulo katata notitshala wam. Ndifuna ukubhala phantsi oko ndikufundayo. Ndikwafuna ukubhala phantsi amaphupha am.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho.
Khuphela uze ugqibezele:

| Umntu | Impendulo |
|---|---|
| Umntwana | |
| | Sibhala ukugcina irekhodi yayo yonke into esiyifundayo. |
| Utitshala | |
| | Ndibhala ukuze ndikhumbule izinto. |



## Imofoloji

Khuphela uluhlu lwamagama encwadini yakho.
Krwelela umgca ngaphantsi imofimi esetyenziswe kwigama ngalinye.
Iththa ukuthini le mofimi?

1. **bhala**
2. **bona**
3. **lala**
4. **sela**

**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### UMalala ulwela imfundo

UMalala yintombi kaZiauddin. Wazalelwa ePakistan, ngomhla we12 kaJulayi 1997. Xa uMalala wayezalwa, ummelwane wathi akayontsikelelo kubazali bakhe kuba eyintombazana.

Uyise kaMalala wathi, "Ndiza kunika uMalala onke amathuba afunyanwa ngumntwana oyinkwenkwe."

UZiauddin waligcina ilizwi lakhe. Waqala isikolo samantombazana eMingora. Abanye abantu babengonwabanga nguZiauddin. Babecinga ukuba akubalulekanga ukuba amantombazana aye esikolweni.

Xa amaTaliban eqala ukulawula eMingora, izinto ezininzi zatshintsha. Umabonakude kunye nomculo wawungavumelekanga. AmaTaliban ayekisa namantombazana ukuya esikolweni.



UZiauddin kwanyanzeleka ukuba avale isikolo sakhe. "Ndifuna ukunika uMalala kunye namanye amantombazana amathuba afanayo namakhwenkwe. Kodwa andikwazi ukubeka ubomi babo esichengeni," utshilo uZiauddin. UMalala wayefundiswa nguyise ekhaya. Kodwa wayekukhumbula ukuba seklasini namanye amantombazana.

NgoSeptemba ka2008, uMalala wenze intetho ePershwa Press Club. Kwintetho yakhe, wabuza, "ITaliban ilithatha njani ilihluthe ilungelo lam lemfundo elisisiseko?"

ITaliban yaphambana xa ibona amazwi kaMalala ezindabeni. Loo nto ayizange imthintele uMalala ekubeni athethe ngelungelo lakhe lemfundo.

Wenza lonke ilizwe lazi ibali lakhe, exhaswa ngutata wakhe. Ngo-Okthobha 2012, uMalala wayesebhasini egodukayo, wadutyulwa yindoda eyayizigqume ubuso. UMalala wenzakala kakhulu. Wasiwa kwisibhedlele sasemkhosini ePakistan. Emva koko wasiwa eNgilane ukuya kufumana unyango.

AmaTaliban eva ukuba uMalala useNgilane. Enza ingxolo athi aza kumdubula ukuba unokubuyela ePakistan. Ngelixa uMalala wayesesibhedlele, wafumana imiyalezo yenkuthazo emininzi. Abantu babembulela bemncoma nangobugorha bakhe.

Xa wayeneminyaka eli17 ubudala, uMalala wafumana iwonga leNobel Peace Prize. Waba ngoyena mntu mncinane ukuphumelela eli ibhaso. UMalala akayekanga ukulwa ukuba amantombazana afumane imfundo.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo encwadini yakho:

1. **Wazalelwa phi uMalala?**
   *UMalala wazalelwa…*
2. **Yayingubani uyise kaMalala?**
   *Utata kaMalala yayi…*
3. **Ngoobani abayekisa amantombazana isikolo?**
   *…ayekisa amantombazana ukuya esikolweni.*



## Imofoloji

Ithetha ukuthini le mofimi?

**a**

Bhala uluhlu lwamagama asebenzisa le mofimi kwincwadi yakho yokubhala.
Qala nge/ngo:

1. **asidlali**
2. **akabhali**

# Umxholo: Siyaziqhelanisa

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Ucaphulo

Amagama okwenyani athethwe ngumntu ngento ethile. Xa umntu ethetha into enamandla okanye enentsingiselo, siyawaqaphela amazwi abo ukuze sikwazi ukuwaphinda.

"Impumelelo ayenzeki ngengozi. Yimveliso yomsebenzi onzima, ukuzimisela, ukufunda, ukuzincama, kwaye ngaphezu kwako konke, kukuthanda into oyenzayo."
Pele

Le ntetho ithetha ukuba impumelelo ayizukuvela nje, kufuneka umntu azilolonge rhoqo, asebenze nzima, afunde kwaye athande into ayenzayo.

Amabali:

**UZweli wenza ibhola**



**ULi Jie, intoli emangalisayo enetalente**




## Isigama

| | |
|---|---|
| **bhampayo:** | Iyakwazi ukubhampa phantsi naphezulu xa ibetheka emhlabeni. |
| **songelwe:** | Ukugqum okanye ukusongela into ngephepha, iplastiki okanye ilaphu. |
| **uzenzele:** | Yenziwe ekhaya kusetyenziswa izinto onazo, ezingathengwanga evenkileni. |
| **ukufaka inqaku:** | Ukungenisa inqaku phakathi ngokukhabela ibhola phakathi ezipalini. |
| **phoxekile:** | Ukuziva uneentloni okanye ungakhululekanga kuba into ethile ingakhange ihambe kakuhle. |
| **unesakhono:** | Ukuba yincutshe ekwenzeni into ethile. |
| **emangalisayo:** | Entle kakhulu okanye emangalisayo. |
| **intoli/umtoli:** | Umntu odubula iintolo esebenzisa isaphetha. |

## Isigama


| | |
|---|---|
| **ukutola:** | Umdlalo okanye umsebenzi wokudubula iintolo kwinto ekujoliswe kuyo. |
| **ukuchaneka:** | Ukukwazi ukuchana kanye apho ujolise khona ngaphandle kokuphosa. |
| **ziqhelanise:** | Ukwenza into uyiphindaphinde ukuze ube ngcono kuyo. |
| **umzamo:** | Ukuzama ngako konke usebenze nzima usenza okuthile. |
| **ukuphucula:** | Ukuba ngcono entweni kunokuba ubunjalo. |
| **ukuzimisela:** | Ukunganikezeli uthathe isigqibo sokuqhubeka ulinga, nokokuba into ibonakala inzima. |
| **ukuzingisa:** | Ukuqhubeka usebenza ngento ethile uphindaphinde, nokuba ithatha ixesha elide ukuba ngcono. |

**Buza usapho lwakho:**



Yeyiphi into oyenza ngcono ngenxa yokuziqhelanisa?

Yeyiphi into onqwenela ukuba ndingaziqhelanisa ngakumbi kuyo?





## Izandi

Tshintshisanani ukufunda zonke izandi enifanele ukuzazi:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| a | b | c | e | y |
| l | d | s | u | n |
| o | tsh | f | m | i |
| mb | h | q | dl | ndw |
| k | r | x | v | sh |
| ny | bh | ch | kh | th |
| z | ph | rh | xh | qh |
| ng | w | hl | gc | gq |
| gx | gr | ng’ | dy | gxw |
| gcw | ngw | thw | dw | jw |
| kw | chw | xw | mv | zw |
| mp | g | tyw | tr | gw |

**Xoxa neqabane lakho:**

1. Sesiphi isandi obungasazi?
   Bhala uluhlu lwezandi encwadini yakho.

2. Zeziphi izandi odinga ukuziqhelanisa ukuzifunda?
   Bhala uluhlu lwezandi encwadini yakho.

**Ziqhelanise ukufunda nokubhala izandi:**

- Zenzele oonotsheluza bakho bokusebenza ekhaya.
- Cela ukugoduka neNcwadi yokufunda enguNdoqo yakho. Ziqhelanise ukufunda kweli phepha.
- Cela usapho lwakho lukubizele izandi ezahlukileyo. Zibhale phantsi ezi zandi.



## Ukudikhowuda

Tshintshanani ukufunda amagama ekumele ukuba niyawazi:

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| aba | bala | lila | ulele | mama |
| isisele | uwelile | abilile | isiciko | shiya |
| imbombozi | ezizweni | umtshayelo | uchwayitile | undwendwe |
| nana | isidudu | zama | yeka | cela |
| qhaqha | khetha | isithuthi | yolula | ibhokisi |
| dyibhiza | ng’ong’oza | tyatha | khwaza | utywala |
| fefa | isigulo | iholo | uxam | quqa |
| isiririzi | vuselela | ngulowo | igqabi | hlamba |
| gcwalisa | impompo | ubugoxo | isithonga | isithwakumbe |
| ixhala | iphepha | rhuqa | dlala | chopha |
| uxolo | itrasi | oko | inyoka | ingozi |
| xwaya | edwaleni | ugxalathelwano | ingxangxasi | uyazigwagwisa |


**Xoxa neqabane lakho:**

1. Ngawaphi amagama ongawazanga?
   Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho.

2. Ngawaphi amagama odinga ukuziqhelanisa ukuwafunda?
   Bhala uluhlu lwala magama encwadini yakho.

**Ziqhelanise ukufunda nokubhala amagama:**

- Ziqhelanise ukuwabiza ngezandi amagama ongawaziyo.
- Cela usapho lwakho lukubizele izandi ezahlukileyo. Zibhale phantsi ezi zandi.



## Imofoloji

**Ingaba uyakhumbula?**

Isakhi segama sisibiza ngokuba yi'mofimi'.

Imifomi nganye inentsingiselo.

**Xoxa neqabane lakho:**

- Funda iimofimi namagama.
- Ingaba igama ngalinye lithetha ukuthini?
- Ingaba imofimi nganye ithetha ukuthini?

| **i** | **ama** |
|---|---|
| iwele<br>iliwa | amawele<br>amawa |
| **hlek** | **um** |
| uyahleka<br>uhleka | umntu<br>umthi |



## Utyibiliko

Khumbula, utyibiliko luthetha:
- Ukufunda ibali ngaphandle kokwenza iimpazamo.
- Ukufunda ibali ngesantya esifanelekileyo, ngokungathi uyathetha.
- Ukufunda ibali ngemvakalelo.

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### Izihlangu zebhanana zikaThemba

UThemba wayenemincili. Kwakufike ixesha lokuba aqale iBanga R. UThemba wayenezihlangu ezitsha zesikolo. Wafumanisa kunzima ukubaleka ngazo.

“Ezi zihlangu azindilingani. Zincinci kakhulu,” wakhala watsho uThemba.

UBuhle wajonga ezinyaweni zikaThemba. Wabeka isandla sakhe emlonyeni.

Wathi, “Themba, uzigqwethile izihlangu zakho. Zijongeka ngathi ziibhanana ezinyaweni zakho.”

UBuhle wacela uThemba ukuba akhulule izihlangu zakhe. Wamnceda ukuba azinxibe ngendlela efanelekileyo.

“Ndiyabulela, Buhle. Ngoku izihlangu zam zindilingana kakuhle. Ndiza kuncedwa ngubani ngomso xa ndinxiba izihlangu zam?” wabuza uThemba.

“Ndiza kukunceda uziqhelanise. Xa usiva iinyawo zakho zibuhlungu, oko kuthetha ukuba izihlangu zakho uzigqwethile,” watsho uBuhle.

Yonke imihla uThemba wanxiba izihlangu zakhe. Xa esiva zibuhlungu iinyawo zakhe, wayezikhulula, aze azijike azilungise.

Kwamthatha ixesha elide uThemba ukwazi ukuba sesiphi isihlangu esiya koluphi unyawo. Ukuziqhelanisa yonke imihla kwamnceda wafunda.

UThemba akasaludingi uncedo xa enxiba izihlangu zakhe. Kule mihla, unceda abanye abantwana xa benxiba izihlangu zabo.



**Ingqiqo nokuqonda**

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Ngubani owayenezihlangu zesikolo ezitsha?**
   U... wayenezihlangu zesikolo ezitsha.

2. **Ngubani owanceda uThemba?**
   U... wanceda uThemba.

3. **Kwakuthetha ntoni ukuba buhlungu kweenyawo zikaThemba?**
   Ukuba buhlungu kweenyawo zikaThemba kwakuthetha...



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### UZweli wenza ibhola

UZweli wabona abantwana bedlala ibhola wanqwenela ukudlala nabo. Wayeneentloni ukubacela. Ngenye imini, ibhola yeza ngakuye. Wazama ukuyikhaba wasuka wayiphosa! Wabaleka wagoduka. Wagqiba ukuba uza kuziqhelanisa, kodwa wayedinga ibhola yokudlala.

Wathatha ibhola yakhe ebomvu kodwa waqaphela ukuba incinane. “Mandikhangele izinto zokwenza le bhola ibe nkulu,” wacinga njalo. Wazama esebenzisa izinto ezahlukileyo. Waqala ngokubhijela ibhola ngephephandaba kodwa lakhululeka. Okulandelayo, uZweli wayibhijela ngepakethi yeetshipsi. Wasika ibhegi endala kamama wakhe waze wayibhijela ebholeni. Emva koko wafumana intambo waze wabopha yonke into wayiqinisa. Wayivavanya wafumanisa ukuba inkulu ngokwaneleyo kwaye iwufanele umsebenzi wayo. Wayeza kukwazi ukuyikhaba!

“Mandenze iipali ke ngoku, ze ndikhabele kuzo,” wacinga njalo encumile. Wathatha amatye amabini wawasebenzisa njengeepali awayeza kukhabela kuzo. Wathatha ibhola yakhe waziqhelanisa ngayo ukukhabela ezipalini.

Emva kweentsukwana waya ebaleni wahlala ecaleni wabukela. “Ndikubonile ukhabela ezipalini kowenu, ndifuna udlalele iqela lethu,” yatsho enye intombazana. Wancuma. Emva kokuziqhelanisa ixesha elide, ngoku wayeza kudlala ngenene nabantwana abadala.





## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **UZweli wayefuna ukudlala nabani ibhola?**
   UZweli wayefuna ukudlala na...


2. **Wasebenzisa ntoni uZweli ukwenza iipali?**
   UZweli wenza iipali nge...

3. **Ufunde ntoni kuZweli?**
   Ndifunde ukuba...



## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| basa | balisa | babilile |
| coca | coceka | cacisa |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Baleka ucele uCoceka abonise utata icawa.

Abafundi babhiyozela ukuphumelela ikota yokuqala yebanga. UBonga ubonakala ecaphuka kuba iziphumo zakhe azikho zihle. UBulela umhlobo wakhe ucacisa ngezakhe iziphumo.

UBonga wayengaphumelelanga. Wayebile emanzi ubuso bakhe kukucaphuka. Wakhawuleza wagoduka. Wathi xa emjonga umama wakhe, wambona ekhathazekile. Wakhawuleza wamanga ngoncumo olukhulu.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. ukubethwa ubongi ubaleka
2. izinja ulizo ubona





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| gcina | isigcawu | gcinisa |
| igqabi | gqibezela | gqitha |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Gcina nali igqabi.

Ngemini yangoMgqibelo uGcobani wakha amagqabi aluhlaza emthini. Umama wayengafuni ngamagqabi akhe. Wayefuna ukuwagcina emthini awabuke.

UGcobani wabonakala egqadaza endlini ephethe lamagqabi umama angafuniyo ngawo. Wayefuna nje ukudlala ngawo angcolise iyadi. Umama wabona ngawo sele ejikelezwe zizigcawu ebolile.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. umama isigcawu ubulele
2. emthini amagqabi awile

Ingaba uyabona ukuba ezi zizivakalisi zezexesha elidlulileyo?



## Izandi

Tshintshisanani ukuhlanganisa ezi zandi:




+




+




## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| inani | ingqalelo | gqithisa |
| ingqithi | ingqwalasela | ungqwabalala |

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| |
|---|
| Nika ingqwalasela aba bantwana bakho abamameli. |

Umfundi wabonakalisa ukuba nengqondo eninzi. Waphumelela emagqabini zonke izifundo zakhe. Wayekuthanda ukunika ingqwalasela izifundo zakhe. Ootitshala bakhe babenebhongo ngaye lo mfundi kakhulu.

## Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho.

ingqele
ingqwele

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| n | gq | w | e | a | i |
| l | qh | sh | u | m | s |



## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*Ulizo unika uRita irula.*

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Ingxoxo: Unganikezeli, Buhle!**

UThemba noBuhle babegoduka bevela esikolweni.

UBuhle wayethe cwaka. Wayekhangeleka engonwabanga.

Themba: Yintoni ingxaki Buhle?

Buhle: Andifuni ukuya esikolweni ngomso.

Themba: Ngoba?

Buhle: KungoLwesihlanu. Baza kuthi masicule umhobe wesizwe eklasini. Andiwazi amagama awo.

Themba: Ungaxhalabi singaziqhelisa kunye. Ndiwazi onke amagama omhobe wesizwe.

Buhle: Ungaba undincede kakhulu. Kungandonwabisa oko.

Yonke imihla uThemba noBuhle babecula umhobe endleleni egodukayo.

Buhle: Unzima lo mhobe. Lusuku lwesithathu olu siwucula, kodwa andikawazi.

Themba: Masicule siwuphindaphinde uza kude uwazi.

UBuhle waziqhelanisa iiyure ngeeyure encediswa nguThemba.

Themba: Uzivile ukuba awukhange ubhude? Usebenzile mhlobo wam! Ngomso siza kucula nabanye esikolweni.

Buhle: Ndibulela wena. Undincede kakhulu. Ingathi akafiki ungomso nam ndizokucula eklasini.


Themba: Uyabona ukuba ukuzimisela kuneziphumo ezihle? Xa uziqhelanisa ude ube yincutshe!



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:


1. **Yeyiphi le ngoma kwakufuneka uBuhle eyifundile?**
   UBuhle kwakufuneka efunde…
2. **Ngubani owayewazi onke amagama ale ngoma?**
   …wayewazi onke amagama ale ngoma.
3. **Wancedwa yintoni uBuhle ukuze ayazi le ngoma?**
   Baziqhelanisa…



## Imofoloji

Singohlula amagama ngeendlela ezahlukileyo.
Xoxa neqabane lakho:

| 1<br>Ngokwezakhi zezandi: | 2<br>Ngokwezakhi zamalungu: | 3<br>Ngokwezakhi zentsingiselo: |
|---|---|---|
| i-w-e-l-e | i-we-le | Yintoni intsingiselo ka**wele**?<br>Esi sakhi segama u**i** siyitshintsha njani intsingiselo? |





**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## ULi Jie intoli emangalisayo enetalente

ULi Jie wayehlala eTshayina kudala eyintoli edumileyo.

“Akukho mntu ungcono kunaye. Yeyona ntoli ibalaseleyo,” asebeza amadoda nabafazi ababemngqongile.

ULi Jie wayekholelwa ukuba uyincutshe. “Akukho mntu ungcono kunam!” wacinga. Ngenye imini uLi wayezilolonga ukutola. Beza abantu ukumbukela njengesiqhelo. ULi Jie wabetha itolo embindini wento awayejolise kuyo. Isihlwele sasebeza siqhwaba, “Akukho mntu ungcono ukodlula yena!” ULi Jie wavova ebulela isihlwele. ULi Jie wabona indoda endala ithengisa ioli. Le ndoda yambukela uLi Jie kodwa ayizange iqhwabe zandla.

“Kutheni ungandiqhwabeli izandla? Ingaba wakha wabona intoli engcono kunam?” uLi Jie wabuza.

“Awuloqhawe, uyintoli kuba uzilolonga nzima,” latsho ixhego.

ULi Jie wayenomsindo. Wayecinga ukuba wonke umntu uyamthanda. “Yintoni oyincutshe kuyo wena?” uLi Jie wabuza.

Ixhego labeka ibhotile phantsi. Labeka ingqekembe kumngxuma omncinane phezu kwebhotile. Lazalisa ibhekile ngeoli. Emva koko lagalela ioli kumngxuma omncinci. Alizange lichithe nethontsi!

Isihlwele sasebeza, “Akukho mntu ungcono ukodlula yena!”

“Ndinesi sakhono kuba ndiyaziqhelanisa. Akukho nto ikhethekileyo ngam,” latsho ixhego.

Amadoda nabafazi baqalisa ukucinga. Mhlawumbi ukuba bebenokuzilolonga, nabo babenokuba ngamachule kwizinto ezithile.






## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:


1. **ULi Jie wayegqwese ngantoni?**
   ULi Jie wayegqwese...
2. **Kwakutheni ukuze uLi Jie abe nomsindo kwixhego?**
   ULi Jie lamcaphukisa ixhego kuba...
3. **Ixhego lathi yintoni ebaluleke ngakumbi kunesakhono?**
   Ixhego lathi... ibaluleke ngakumbi kunesakhono.



## Imofoloji

Sebenzisa ezi zakhi zegama ukwakha amagama:

| ama | bhal | um |
| --- | --- | --- |
| Umzekelo: amatye | Umzekelo: uyabhala | Umzekelo: umlomo |



# Umxholo: Singababhali

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Ingoma

Amagama abhalelwe ukuculwa, ngokuqhelekileyo ngomculo. Iingoma zihlala zibandakanya isingqisho, uphindaphindo, nerayimu, ukunceda ukubalisa ibali okanye ukuvakalisa iimvakalelo.

Singababhali
Singababhali, sibhala amazwi,
Sidala amabali amnandi,
Sibhale ngemibala, sibhale ngamaphupha
Sibhala ngezinto esizibonayo
Sibhala ngamava ethu ngobuchule
Singababhali, singababhali!

Le ngoma ifundisa abantwana ukuba ukubhala kunokwenza ukuba bazive bekhululekile ukucinga, ukwenza kunye nokwabelana ngezimvo abazicingayo. Igxininisa ukuba wonke umntwana unokuba ngumbhali kwaye angakwazi ukubhala amabali amatsha. Ikwakhulisa ukuzithemba, ubuchule nentliziyo evulekileyo yokucinga.

Amabali:

**Incwadi yokuqala kaStacey**



**Ababhali bokuqala behlabathi**




## Isigama

| | |
|---|---|
| **ukupapasha:** | Ukushicilela uze wabelane ngencwadi okanye ibali ukuze abantu bakwazi ukuyifunda. |
| **hlela:** | Ukukhangela uze ulungise umbhalo ukuwenza ucace, ube ngcono, okanye ukulungisa iimpazamo. |
| **umhleli:** | Umntu onceda umbhali ukuphucula umsebenzi wakhe ngokuthi ajonge upelo, igrama, neengcamango. |
| **ukwazisa incwadi:** | Umsitho okhethekileyo apho incwadi entsha yaziswa ize ibhiyozelwe khona. |

## Isigama

| | |
|---|---|
| **igugu:** | Imvakelelo yolonwabo oba nayo xa wenze into kakuhle okanye usebenze nzima ukuzuza into ethile. |
| **itempile:** | Isakhiwo esikhethekileyo apho abantu baya khona ukuthandaza koothixo babo. |
| **isitora:** | Indawo apho iimpahla, ukutya, okanye izinto zokusebenza zigcinwa khona ngokukhuselekileyo. |
| **eneenkcukacha:** | Ukuba namalungu amancinci kakhulu okanye iimpawu zononophelo ezibandakanyiweyo. |
| **uphawu:** | Uphawu okanye umqondiso omele enye into, njengomfanekiso okanye imo enentsingiselo ekhethekileyo. |
| **umbhali opapashileyo:** | Umntu obhala incwadi okanye ibali. |
| **umbhali ongapapashanga:** | Umntu owabelana ngezimvo esebenzisa amagama. |
| **ingcamango:** | Ingcinga okanye isicwangciso esisengqondweni. |
| **ababukeli:** | Abantu abafunda okanye baphulaphule umbhalo wakho. |
| **ukukhuthaza:** | Ukuthundeza umntu azame into ethile okanye akholelwe koko akwenzayo. |

**Buza usapho lwakho:**





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| uyagula | igobile | igugu |
| irabha | irula | irandi |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**UGugulethu ucela irandi.**

UGugulethu ufunda kwisikolo samabanga aphantsi kwalapha elalini. Uya esikolweni ephethe irula kunye nerabha. Umama wakhe usoloko ejonga irula xa evela esikolweni. Ngenye imini ufike irula igobile.

Umama wabuza, "Gugulethu, kutheni irula igobile?"

"Andiyazi mama!" waphendula ngoloyiko uGugulethu. Kwathi kanti akabuyanga nayo nerabha ngalemini. Umama wakhe wathi makangene egumbini lakhe angaphumi ngaloomini.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. imoto uthenga utata
2. umntwana umama ubetha





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| xelela | uxolo | xela |
| gxotha | gxila | gxininisa |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| Umakhulu ugxotha uXola. |
|---|

Umakhulu ugxotha uXola. Umakhulu ugxininisa ukuba angaphindi abuye. UXolo uxelela umama wakhe ngalento yenziwe ngumakhulu wakhe.

UXola ugxeka umakhulu wakhe ngokungamphathi kakuhle. UXola uthi umakhulu wakhe akanabo ububele. Umama wakhe ucela uxolo kunyana wakhe.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. izinja ulizo ubone
2. ukubethwa ubongi ubaleke





## Izandi

Tshintshisanani ukuhlanganisa ezi zandi:




+




+






## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| ingxowa | ingxaki | ingxwelerha |
| ingxolo | ingxelo | ingxwabangxwaba |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Umama uthwele ingxowa yombona.

Utitshalakazi uxakekile eklasini unqanda ingxolo eyenziwa ngabafundi. Umfundi umxelele ngengxaki ajongene nayo yengxwabangxwaba anayo eklasini.



## Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi. Bhala la magama encwadini yakho:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| g | r | n | gx | w | a |
| e | i | o | u | l | b |

galela
ingxabano





## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

Usoso usula usisi isandla.

**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Incwadi yeentsomi kamakhulu**

Rhoqo ebusuku, utata undifundela intsomi. Uqala andambathise ngengubo ethambileyo ze aqale ukundifundela ngokuthi, “Kudaladala.”

Ngokuhlwa, utata ebendifundela njengesiqhelo. Umakhulu udlule egumbini lam, wasibona.

“Nenza ntoni?” wabuza umakhulu.

Sajongana sasuka sahleka. Utata waphendula wathi, “Sifunda intsomi.”

Wabonakala ebhideke mpela ngoku umakhulu. Wanikina intloko wahamba. Utata waqhuba nokufunda intsomi.

“Phelaphela ngantsomi! Ulale kamnandi ke ntombazana katata,” watsho utata.

“Ndiyabulela, ndiyithande kakhulu le ntsomi yanamhlanje,” ndazamla ndisozela kamnandi.

Umakhulu wabuyela egumbini lam. “Ayikho le niyenzayo notatakho! Zakhe zafundwa phi iintsomi? Intsomi iyabaliswa mzukulwana, ngolu hlobo mna ndenza ngalo.”

Utata wakrukrutheka, “Kule mihla ziyafundwa iintsomi. Baninzi ababhali ababhale iintsomi abazibaliselwa ngootatomkhulu babo.”

“Tyhini, licebo elihle eli lokubhala. Xa sizibhala phantsi ziya kufikelela kubantwana abaninzi,” watsho umakhulu enqwala intloko.

Emva koko kwathi qatha nto engqondweni kamakhulu. “Ndifuna ukuba nencwadi yeentsomi. Kufuneka uphulaphule zonke iintsomi zam uze uzibhale phantsi.”


Utata wancumela ecaleni, “Ndakwenza ngokomnqweno wakho. Ndiza kubhala incwadi yeentsomi zakho.” Waza wenjenjalo…



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Umombathisa ngantoni utata umntwana wakhe?**
   Umombathisa nge...
2. **Ngubani ofuna ukuba nencwadi yeentsomi?**
   ...ufuna ukuba nencwadi yakhe yeentsomi.
3. **Kutheni umakhulu ecinga ukuba eli licebo elilungileyo?**
   Umakhulu ucinga ukuba licebo elilungileyo kuba...



## Imofoloji

Singohlula amagama ngeendlela ezahlukileyo.
Xoxa neqabane lakho:

| 1<br>Ngokwezakhi zezandi: | 2<br>Ngokwezakhi zamalungu: | 3<br>Ngokwezakhi zentsingiselo: |
|---|---|---|
| u-b-a-l-e-k-a | u-ba-le-ka | Yintoni intsingiselo ka**balek**?<br>Esi sakhi segama u**u** siyitshintsha njani intsingiselo? |



Ngoku khawuzame ngala magama: ubona, ubala

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### INcwadi yokuQala kaStacey

UStacey Fru wazalelwa eRhawutini ngowama2007.

Ukususela eselusana, uStacey wayezithanda iincwadi.

Akuba neminyaka esixhenxe, uStacey wabhala incwadi yakhe yokuqala. Isihloko sayo sasisithi, IiKati eziNukayo.

Waxelela abazali bakhe, “Le ncwadi ndifuna ukuyipapasha ukuze abanye abantwana bayifunde.”

Umama kaStacey wayithumela kumhleli. Umhleli wayithanda le ncwadi waze wayipapasha. UStacey waziva ezingca kakhulu.

Yakuba ipapashiwe incwadi, uStacey walungiselela umsitho wokuvuyisana nokupapasha kwakhe incwadi.

“Le ncwadi ndiyibhale ngokwam,” watsho uStacey kwabo babezimase itheko. “Ndifuna uninzi lwabantwana baseAfrika babhale iincwadi.”

Akuzange kuphelele apho, uStacey waphumelela imbasa, wabhala nezinye iincwadi.

Ukwaqokelela iincwadi, iimpahla kunye neekhompyutha enceda abo bangathathi ntweni.

UStacey wenza iintetho efundisa ekwakhuthaza abantwana. Umyalezo wakhe kubo bonke ngowokuba abantwana bangenza nantoni na abayifunayo. “Awukho mncinci okanye mdala ukuba ungaphila iphupha lakho,” yinto ayixelele abantu abaninzi abatsha.






## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Ucinga ukuba yayingantoni incwadi yokuqala kaStacey?**
   Ndicinga ukuba incwadi yokuqala kaStacey yayinge...

2. **Ungathanda ukufunda incwadi ebhalwe ngumntwana?**
   Ewe, ndingathanda ukufunda incwadi ebhalwe ngumntwana.
   Hayi, andingethandi ukufunda incwadi ebhalwe ngumntwana.


3. **Ukuba ubunokubhala incwadi, ingaba ngantoni?**
   Ukuba ndingabhala incwadi ingamalunga ne...



## Imofoloji

Sebenzisa ezi zakhi zegama ukwakha amagama:

| um | ama | e |
|---|---|---|
| Umzekelo: umlambo | Umzekelo: amathambo | Umzekelo: uhambe |



## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:







## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| ijusi | ijagi | jikeleza |
| ipesika | ipani | ipapa |

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

UJola ujikeleza ipali.

UJola udubula uPopi ojonge epalini yombane. UPopi wothuswe sisithonga, kanti kuwa ipali abambelele kuyo. Umama umnika ijusi yokuthoba umothuko ongako ecinga ukuba ngumpu.

Umama ukhelela uPopi iipesika. Uyajikeleza umama akaziboni kuba zisithwe yipali yocingo. Uthi ngokungxama akhwaze ejolise ekhitshini. Suka kuphume utata akhe iipesika emthini.

## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. iipesika utata ukha
2. uliyema amanzi usela

Ingaba uyabona ukuba ezi zizivakalisi zexesha langoku?



## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:







## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| ishushu | shiya | shukuma |
| igorha | irhamba | rhona |

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| Ishumi lamagorha liyabaleka. |
|---|

Utata kaShila ngumshumayeli enkonzweni. Uyakuthanda ukuphuma xa kushushu kakhulu ashiye umama nabantwana. Uyakuthanda ukusela amanzi xa eshumayela.

Utata kaShila xa ebuya ecaweni ungena egumbini lakhe uve sele erhona ngathi lirhamba. Uyenza lonto xa ediniwe kuba indlela inde ayihambayo. Uye azibone eligorha eliphilisa abantu.

## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. usele uliyema amanzi
2. iipesika utata ukhe

Ingaba uyabona ukuba ezi zizivakalisi zezexesha elidlulileyo?



## Izandi

Tshintshisanani ukuhlanganisa ezi zandi:



+


+


+



## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| inkomo | inkolo | ixolo |
| isankxwe | uwile | inkxwaleko |

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| |
|---|
| Iinkomo ziwele umlambo. |

Utata kaThandi wabonakalisa inkxwaleko engummangaliso xa wayevela eRhawutini. Kwakukudala walahleka engenayo inkxaso ayenzayo ekhayeni lakhe. Wabuya nomama wakhe sele engasekho, neenkomo ziphelile.

## Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi. Bhala la magama encwadini yakho:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| nk | x | w | j | p | s |
| rh | a | e | i | o | u |




## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*UThandi uthethe ela uThabo.*

**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### Konke okunxulumene nokubhala

Ukubhala kubalulekile ngenxa yezizathu ezininzi. Ukubhala kusinceda kwizinto ezininzi.

1. **Ukulawula iimvakalelo zethu**
   Sinokuzibhala phantsi iimvakalelo zethu kwidayari. Oku kungasenza sizive ngcono. Kukwanokusinceda siziqondele ukuba singenza ntoni ngeemvakalelo zethu.
2. **Ukwabelana ngeemvakalelo**
   Singabhala amakhadi, iileta ukanti singathumelela iintsapho nabahlobo imiyalezo. Oku kusinceda ukuba sihlale sinxibelelana. Kukwasinceda ukuba sichaze indlela esiziva ngayo.
3. **Ukwabelana ngeendaba**
   Singazisebenzisa iileta, ii-imeyile, kunye neetekisi xa sisabelana ngeendaba zethu.
4. **Ukubalisa amabali**
   Singaxelisa uStacey, sibhale amabali ethu, size sizobe nemifanekiso yawo.

Zininzi iindlela zokuphucula ukubhala kwethu.


1. **Ukufunda**
   Sakufunda kakhulu, sibangcono ekubhaleni.
2. **Ziqhelanise ukubhala**
   Ngokuya siziqhelanisa, iya kuba ngcono imibhalo yethu. Zama ukubhalela ukuzonwabisa xa usekhaya.
3. **Gcina incwadana yamanqaku**
   Zama ukuba nencwadana yamanqaku obhala kuyo. Mayisoloko ihamba nawe ubhale kuyo iingcamango ezintsha ezithi qatha kuwe.
4. **Yabelana ngombhalo wakho**
   Bonisa okubhalileyo abahlobo bakho kunye nosapho. Okanye bafundele amabali akho ngokuvakalayo.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Uthanda ukubhala ntoni?**
   Ndithanda ukubhala...
2. **Ingaba unayo idayari okanye incwadana yamanqaku?**
   Ewe, ndine...
   Hayi, andinayo...
3. **Ungenza njani ukuze ube ngcono ekubhaleni?**
   Ndingangcono ekubhaleni xa...



## Imofoloji

Singohlula amagama ngeendlela ezahlukileyo.
Xoxa neqabane lakho:

| 1<br>Ngokwezakhi zezandi: | 2<br>Ngokwezakhi zamalungu: | 3<br>Ngokwezakhi zentsingiselo: |
|---|---|---|
| u-b-e-th-e | u-be-the | Yintoni intsingiselo ka**beth**?<br>Esi sakhi segama u**e** siyitshintsha njani intsingiselo? |



Ngoku khawuzame ngala magama: uhlambe, upheke



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## Ababhali bokuqala ehlabathini

Ukubhala yenye yezona zinto zibalulekileyo ezasungulwa ngabantu.

Malunga neminyaka engama5000 eyadlulayo, abantu baqalisa ukubhala. Enye yeendawo ezaqalisa ukubhala yayiyidolophu ebizwa ngokuba yiSumer.

Iitempile zaseSumer zazisetyenziswa njengeendawo zokugcina iimpahla. Ezi tempile zazigcina zonke iintlobo zeempahla.

Abantu ababegcina ezi mpahla babebizwa ngokuba ngababhali. Ababhali kwafuneka bafumane indlela yokugcina umkhondo wezinto ezigcinisiweyo. Kwaqala ngolo hlobo ke ukubhala.

Ababhali babesebenzisa iimpawu nemifanekiso kumacwecwe odongwe ukugcina ubalo lwazo zonke iimpahla.

Ababhali babebhala iimpawu zabo kwiithabhulethi ezimanzi zodongwe. Zakoma, ezi thabhulethi zodongwe zazigcinwa njengerekhodi yeempahla kwindawo yokugcina iimpahla.

Ekuhambeni kwexesha kwafuneka bagcine ngaphezulu nangakumbi. Ababhali kwakufuneka babhale ngokukhawuleza, ngoko baqalisa ukusebenzisa iimpawu endaweni yokusebenzisa imifanekiso eneenkcukacha.

Impahla yayigcinwe kuso sonke isixeko. Ngoko, bonke ababhali bahlangana ukuze bagqibe ngemiqondiso ababeya kuyisebenzisa. Kwakufuneka basebenzise iimpawu ezifanayo. Oku kuya kubanceda baqonde oko kubhaliweyo. Oku kubhala kwakubizwa ngokuba yiCuneiform.



Kwenzeka into efanayo eYiputa, ePeru naseTshayina.


Umbhalo wethu wale mihla usekelwe koku kubhala, kwabanceda abantu bakhumbula iingcamango kunye namabali.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:


1. **Baqala nini abantu ukubhala?**
   Abantu baqala ukubhala…
2. **Zazisetyenziselwani iitempile eSumer?**
   Ezi tempile zazisetyenziswa njenge…
3. **Yenza ngathi ungumbhali waseSumer. Yenza iimpawu zekati, amanzi kunye nama-apile.**



## Imofoloji

Sebenzisa ezi zakhi zegama ukwakha amagama:

| ama | um | i |
|---|---|---|
| Umzekelo: amazwe | Umzekelo: umthombo | Umzekelo: ibhola |



# Umxholo: Sinovelwano

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Isaci

Ibinzana apho amagama aba nentsingiselo eyahlukileyo kunentsingiselo yawo ecacileyo.

Ukuba yindlezane.

Esi saci sibhekiselele kumntu onobubele obukhulu, onesisa, okanye onceda abanye ngokungadinwa engajonganga nzuzo.

Amabali:

**UKhaya wenza umhlobo omtsha**



**Isangweji eyongeziweyo**



## Isigama

| | |
|---|---|
| **neentloni:** | Ukuziva unexhala okanye ungaqinisekanga ngokuthetha kwabanye okanye ukungenelela. |
| **engaqhelekanga:** | Into ebonakala ingaqhelekanga okanye eyahlukileyo. |
| **wedwa:** | Ukuba wedwa, ungabi nabantu bakungqongileyo. |
| **ukuba lilolo:** | Ukuziva ukhathazekile kuba akunabahlobo okanye uziva ungabandakanywanga. |
| **ungahoywanga:** | Ukungabandakanywa kwiqela okanye umsebenzi elixa abanye bebandakanyiwe. |
| **ingozi:** | Into embi eyenzeka ngequbuliso kwaye ingacwangciswanga, njengaxa umntu elimala ngempazamo. |
| **isibhedlele:** | Indawo apho oogqirha noonesi benakekela abantu abagulayo okanye abalimeleyo. |
| **chwechwela:** | Ukuhamba ngokunyonyoba nangokufihlakeleyo ukuze kungabikho mntu ukuqaphelayo. |

## Isigama


| | |
|---|---|
| **onesisa:** | Ukuthanda ukwabelana okanye ukupha abanye, nkqu naxa kuthetha ukuphisa ngento oyithandayo. |
| **ukuba nombulelo:** | Ukuziva unombulelo kuba umtu ekuncedile okanye ube nobubele kuwe. |
| **uvelwano:** | Ukuqaphela xa umntu esiva kabuhlungu, ekhathazekile, eziva elilolo okanye enesidingo, uze ukhethe ukunceda. |
| **bandakanya:** | Ukuvumela umntu abe yinxalenye, ukuze angaziva engahoyekanga. |
| **khuphela ngaphandle:** | Ukushiya umntu ngaphandle okanye ukungamvumeli abe yinxalenye. |
| **ukuzenza idini:** | Ukunikela ngento oyifunayo ukuze uncede okanye uxhase omnye umntu. |
| **thuthuzela:** | Ukunceda umntu azive ngcono xa ekhathazekile, esoyika okanye angaphathekanga kakuhle. |

**Buza usapho lwakho:**



Ungandixelele ngexesha apho wenza into ebonakalisa ububele?

Ungandixelela ngexesha apho wanceda umntu othile?





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| ixhala | ixhego | ixhoba |
| qhala | iqhina | iqhawe |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Eli xhego liqhawe.

Ngaminazana ithile elalini, kwakukho umsitho ebaleni. Kwakubaleka amaxhego namaxhegwazana. Ayejikeleza aphinde onyuke indawo eliqhina. Zonke ezi nkonde zazibonakala zinexhala.

Iinkonde zazinexhala kodwa zonwabile. Laqala elinye ixhego lonyuka iqhina ngokulula. Lavuya kakhulu ixhego lizibona njengeqhawe kuba lalizilungiselele kulomsitho.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. enexhala utata ubonakala
2. iqhina sinxiba esikolweni





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| ing’ang’ane | uyang’ong’oza | graya |
| grumba | grogrisa | grenya |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

USipho ugrenya isonka.

ULizo ufike wagrenya isonka samasi. Uthe ubhuti sisonka samasi sikatata. Ubhuti ugrogrise usisi ngokumxela. Usisi ubegraya umbona yena. Ubhuti ugragrame ekhalimela uLizo.

Uthe ubhuti esagragrama njalo, wabona ing’ang’ane libhabhela ezantsi. Ubone ngoSethu eling’ong’ozela, suka alamjonga labhabha lahamba. Uzive enxunguphele xa libaleka ing’ang’ane limshiya.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. ing’ang’ane usipho ugrogrise
2. enexhala utata ubonakale





## Izandi

Tshintshisanani ukuhlanganisa ezi zandi:




+




+






## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| inkqantosi | inkqwithelo | inkenkqe |
| nkqenkqeza | nkqonkqoza | umkhinkqi |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Unkqenkqeze phambili waphumelela.


Kwakuyinkqantosi edlelweni kungekho manzi. Abantu bonke babenxaniwe. Babehamba benkqonkqoza kuzo zonke izindlu, bekhangela amanzi. Kuthe ukutshona kwelanga kwafika inkqwithelo.



## Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi. Bhala la magama encwadini yakho:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| u | k | w | n | qh | kr |
| xh | a | l | q | i | o |






## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*UVusi noVuyo baya evenkileni.*

## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### UPetros oneentloni kunye nebhodi

UPetros wayeyinkwenkwe eneentloni. YayinguThobile yedwa owayengumhlobo wakhe. UThobile noPetros bahlala kunye ngasemva eklasini.

Ngenye intsasa uMnu Mbali wangena ephethe ibhokisi encinci. “Molweni klasi,” wabulisa. Abafundi baphendula bekhwaza, “Ewe, Mnu Mbali!” UMnu Mbali ubonise abafundi into engaphakathi ebhokisini. Bonke babenochulumanco kukubona imibala eyahlukileyo yetshokhwe.

“Namhlanje siza kubhala sisebenzisa imibala emihle neqaqambileyo,” watsho uMnu Mbali. Abafundi bakhupha iincwadi zabo neepeni. Balungiselela ukubhala.

UPetros waziva ekhathazekile. Watyikitya amehlo akhe.

“Yintoni ingxaki Petros?” wasebeza uThobile.

UPetros wasebeza waphendula wathi, “Andiboni ebhodini. Kunzima kum ukuyibona eminye imibala.”

UThobile wayekhangeleka ekhathazekile. “Kutheni ungaxeleli utitshala?” Amehlo kaPetros ayebuhlungu kwaye ebomvu njengoko wayephendula, esithi, “Ndiyoyika.”

UThobile wathethela uPetros, “Mnu Mbali, uPetros akayiboni imibhalo esebhodini.” UPetros wongeza wathi, “Ndiyile ukuya kuhlola amehlo, kuthiwe ndibona kufutshane.”

UJulia waphakamisa isandla. “Mnu Mbali, uPetros unokuthatha isihlalo sam esingaphambili. Ndingahlala ngasemva mna.” UMnu Mbali wayenebhongo ngoThobile nobubele bukaJulia.


Njengoko wayethatha isihlalo sakhe esitsha uPetros wancuma wathi, “Ndiyabulela! Ngoku ndibona kakuhle.” Yonke iklasi yakhwaza ivuyisana naye.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Bahlala phi uPetros noThobile eklasini?**
   UPetros noThobile bahlala…
2. **Yintoni eyayiphakathi ebhokisini kaMnu. Mbali?**
   Ebhokisini kaMnu. Mbali kwakukho ii…
3. **Ngubani owanika uPetros isihlalo sakhe esingaphambili?**
   U ____ wanika uPetros isihlalo sakhe esingaphambili.



## Imofoloji

Singohlula amagama ngeendlela ezahlukileyo.
Xoxa neqabane lakho:

| 1<br>Ngokwezakhi zezandi: | 2<br>Ngokwezakhi zamalungu: | 3<br>Ngokwezakhi zentsingiselo: |
| --- | --- | --- |
| u-dl-a-l-a | u-dla-la | Yintoni intsingiselo ka**dlal**?<br>Esi sakhi segama u**a** siyitshintsha njani intsingiselo? |





**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:



### UKhaya wenza umhlobo omtsha

UKhaya, uBonga kunye noBantu babe ngabahlobo abakhulu. Babesenza yonke into kunye. Ngenye imini, uMnumzana uNgoma wacela ukubona uKhaya emva kwekhefu. UKhaya waxelela uBonga noBantu.

"Khaya, ndiqaphele ukuba uThomas uneentloni kwaye usoloko ehleli yedwa. Ndiyathemba ukuba ungadlala naye." UKhaya wayengazi ukuba makathini. Wacinga ngoThomas nangendlela awayebukeka ngayo

UBonga noBantu bebefuna ukwazi ukuba uKhaya usengxakini na? "Hayi, uMnu Ngoma ufumene ipensile yam phantsi," watsho uKhaya. Wayefuna ukucinga ngale nto uMnu Ngoma amxelele yona phambi kokuba ayithethe kubahlobo bakhe.

Ngobo busuku, uKhaya wakhalaza kumama wakhe."Yhu, uMnu Ngoma ufuna ndidlale nala nkwenkwe

ithuleyo, andazi ukuba kutheni."

"Awunyanzelekanga ukuba udlale naye ukuba awufuni. UMnu Ngoma ebebuza wena qha, awunyanzelekanga," watsho umama wakhe.

Kuthe ekuhambeni kwexesha uKhaya esebhedini wakhumbula indlela awayenesithukuthezi ngayo xa wayeqala isikolo. Wagqiba ukuba uza kudlala noThomas.

Ngengomso wathetha noBonga noBantu, "Masidlaleni noThomas." "Ngoba kutheni?" babuza abahlobo bakhe.

"Ndiyamsizela. Kwakhona, ukuba sibane, sinokudlala singamaqela," utshilo uKhaya.

UKhaya wacela uThomas ukuba adlale nabo. UThomas wayengaqinisekanga, kodwa wancuma. Badlala ngababini ibhola ekhatywayo. "Yiza kudlala nathi kwakhona ngomso!" watsho uBonga.

"Ndiyazingca ngawe, Khaya," watsho uMnu Ngoma, naye uKhaya waziva enebhongo.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Ngoobani abahlobo abakhulu bakaKhaya?**
   Abahlobo abakhulu bakaKhaya ngu... no...

2. **Ngubani owacelwa nguMnu Ngoma ukuba asale ngemva ngexesha lekhefu?**
   UMnumzana Ngoma wacela...

3. **Badlala ntoni abahlobo noThomas?**
   Abahlobo badlala...



## Imofoloji

Sebenzisa ezi zakhi zegama ukwakha amagama:

| i | e | ii |
|---|---|---|
| Umzekelo: isonka | Umzekelo: ubambe | Umzekelo: iinkomo |





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| idyokhwe | idyasi | idyudyu |
| ityala | ityuwa | ityalike |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

Utata unxibe idyasi etyalikeni.

Idyongwana enguLizo ityathe idyokhwe entanyeni. ULizo uya emasimini ukuya kulima. Unxibe idyasi enkulu katata kuba kuyabanda. Iinkomo ziyabaleka azifuni dyokhwe.

Uthe uLizo akufika emasimini yagaleleka imvula idyudyuza. Kwanyanzeleka ukuba angabisalima abuyele ekhaya. Ufike nje ekhaya wangxamela eshushu ikofu enobisi.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. idyasi umila unxiba
2. ityuwa embizeni galela






## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:






## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| itsolo | tsala | tsiba |
| ikrakra | isikrokro | krazula |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Eli yeza likrakra.**

Ubhuti ukhathazekile. Ucingo lukrazule ibhulukhwe yakhe yodidi oluphezulu. Ukhwaze abantwana ngelizwi elitsolo enomsindo kwaye enesikrokro ngolucingo. Abantwana khange baphendule, suka bahleka.

Umama utsibe ebhedini esiya kujonga ubhuti. Ufike umlomo utsolo kubhuti efuna ibhulukhwe yakhe ebantwaneni. Baxambulisana nomama, suka watsho esikrakra isikhalo ecinga imali ayichithileyo yebhulukhwe.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. katata idyasi yakrazuka
2. amehlo evalekile ndibone





## Izandi

Tshintshisanani ukuhlanganisa ezi zandi:




+




+






## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| inaliti | ikrwada | ikrwelekile |
| umkrwelo | amankrwane | krwela |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| Inyama yenkomo ikrwada. |
|---|


UThabo ukrwele incwadi kaThando iwele lakhe ngepensile ebomvu. UThando ucele ubhuti wakhe ukuba asuse umkrwelo encwadini. Ubonakalise ubukrwada akamhoya uThabo. Kubonakale amankrwane akrwada phantsi.



## Ukuenkhowuda

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi. Bhala la magama encwadini yakho:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ts | kr | n | w | dy | ty |
| a | l | e | i | b | o |






## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*UWanda uwela umlambo.*

**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Iindondo zamehlo zikaPetros**

P.O. Box 599
Malalane
Mpumalanga
1320
05 Matshi 2023

Bazali endibathandayo,

Ndingutitshala kaPetros. Besinesifundo esihle kakhulu namhlanje. Besibhala sisebenzisa imibala eyahlukileyo. UPetros uqhuba kakuhle kakhulu eklasini kodwa namhlanje akakhange awubone umbhalo osebhodini.

UPetros ebetsala nzima ukubona ebhodini. Ude wandichazela ukuba unengxaki, ubona izinto ezikufutshane.

UJulia, ofunda noPetros, utshintshiselene naye ngendawo yokuhlala. UPetros ngoku uhlala ngaphambili, ukuze abone kakuhle ebhodini. Wonwabile ngendawo yakhe yokuhlala entsha.

Isikolo singamnceda uPetros afumane iindondo zamehlo. UPetros angalufumana uhlolo simahla kuGqirha Mehlo. Lo ngugqirha wamehlo ohambela iklinikhi ngooLwesine. UGqirha Mehlo uncede abantwana abaninzi bafumana iindondo zamehlo.

Ukuba uyavuma abonwe nguGqirha Mehlo, nceda usayine ifomu yemvume. Iqhotyoshelwe ngasemva kule leta.

Ukuba unemibuzo nceda unditsalele umnxeba.

Ndiyabulela.

Mnu Mbali




## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Ivela kubani le leta? Iya kubani?**
   Le leta ivela ku...iya ku...

2. **Kufuneka bathumele ntoni abazali bakaPetros?**
   Abazali bakaPetros kufuneka bathumele...

3. **Ucinga ukuba uGqirha Mehlo ligama lokwenene?**
   Ewe, ndicinga ukuba ligama lokwenene.
   Hayi, andicingi ukuba ligama lokwenene.



## Imofoloji

Singohlula amagama ngeendlela ezahlukileyo.
Xoxa neqabane lakho:

| 1<br>Ngokwezakhi zezandi: | 2<br>Ngokwezakhi zamalungu: | 3<br>Ngokwezakhi zentsingiselo: |
|---|---|---|
| i-n-k-o-m-o | i-nko-mo | Yintoni intsingiselo ka**nkomo**?<br>Esi sakhi segama u**i** siyitshintsha njani intsingiselo? |



Ngoku khawuzame ngala magama: inkokheli, inkabi



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## Isangweji eyongeziweyo

Ngentsasa yangoMvulo, uThemba utya eyona sangweji yakhe ayithandayo. Yayilixesha lekhefu waze waqaphela ukuba uLihle akatyi.

"Siphi isidlo sakho sasemini?" uThemba wabuza.

"Andiphathanga, umama usesibhedlele, ungaxeleli mntu ndiyakucela," watsho uLihle. UThemba wabelana ngesona sonka sakhe asithanda kakhulu kunye noLihle.

NgoLwesibini, uThemba wacela izonka ezimbini kumama wakhe.

"Ndilambe kakhulu namhlanje," watsho. Umama wakhe wamnika, waze esikolweni uThemba wanika uLihle esinye.

NgoLwesithathu, uThemba wachwechwa ekhitshini kwangethuba ukuya kwenza isonka. Umama wakhe wabuza, "Izonka ezimbini kwakhona?"

"Ndinemidlalo namhlanje, ngoko ke ndifuna ukutya okongeziweyo," waxoka.

Esikolweni wanika uLihle esi sinesonka samasi, nangona wayefuna sona.

NgoLwesine, uThemba wathatha ixesha elide ukuzilungiselela. Kwade kwatyiwa isidlo sakusasa engekafiki.

"Mama ndicela isonka sesidlo sakusasa." Ngexesha lekhefu, uThemba wayelambile kakhulu. Wanika uLihle esinye isonka kwakhona.



Ngobo busuku, umama kaLihle wafowunela umama kaThemba. "Enkosi ngokwenza isidlo sasemini silungele noLihle kule veki, bendisesibhedlele," utshilo. Umama kaThemba wayemqonda unobangela weza zonka zazimana ukongezwa.

"Themba, ndifuna ukuthetha nawe," wambiza umama.

"Ndisengxakini yezonka," uThemba wacinga.

"Ndiyayazi ukuba kutheni ucele isidlo sasemini esongeziweyo," wancuma umama, "kodwa kutheni ungandixeleli?"

"Ndamthembisa uLihle ukuba andizukuxelela mntu," utshilo uThemba.


Umama wakhe wathi, "Ilunge kakhulu loo nto. Ndiyazingca ngawe."



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Wayephi umama kaLihle?**
   Umama kaLihle waye...
2. **Sesiphi isonka uThemba awasinika uLihle ngoLwesithathu?**
   NgoLwesithathu, uThemba wanika uLihle i...
3. **Kwakutheni uThemba ukuze angamxeleli nyani umama wakhe?**
   UThemba akazange amxelele inyani umama wakhe kuba...



## Imofoloji

Sebenzisa ezi zakhi zegama ukwakha amagama:

| ii | um | aba |
|---|---|---|
| Umzekelo: iibhayisekile | Umzekelo: umntu | Umzekelo: abantu |



Bhala uluhlu lwamagama kwincwadi yakho yomsebenzi.

# Umxholo: Siziinjineli

**Ukutyetyiswa kolwimi:**

Isaci

Ibinzana apho amagama aba nentsingiselo eyahlukileyo kunentsingiselo yawo ecacileyo.

Ukuba nesandla.

Esi saci sibhekiswa kumntu onobuchule bendalo bokubumba, ukwakha, ukuthunga, ukuxhonkxa nokwenza imisebenzi yezandla.

Amabali:

**Iphiko lamanzi elimangalisayo likaWilliam**



**Isifudumezimanzi selanga sikaXochitl**



## Isigama

| | |
|---|---|
| **iphiko lamanzi:** | Umatshini osebenzisa umoya ukwenza umbane okanye ukumpompa amanzi. |
| **imbalela:** | Ixesha elide kakhulu imvula incinci okanye ingekho, into eyeza kube nzima ukulima ukutya. |
| **indawo yobugoxo:** | Indawo apho izinto ezindala okanye ezophukileyo, njengeentsimbi, imibhobho, amalungu ebhayisekile, zigcinwe khona ukuze abantu bazisebenzise kwakhona ukwakha okanye uulungisa izinto ezintsha. |
| **ubugoxo:** | Izinto ezindala okanye ezishiyekileyo, njengentsimbi, imibhobho, amalungu ebhayisekile, ezinokuphinda zisetyenziswe kwakhona ukwenza into entsha. |
| **impompo:** | Umatshini ohambisa amanzi ukusuka kwenye indawo ukuya kwenye, njengokusuka kwiqula ukuya kwizityalo. |
| **isola:** | Ukusebenzisa amandla elanga ukwenza umbane okanye amandla endalo. |
| **ukufikelela:** | Ukuba nemali eyaneleyo ukuthenga into ethile. |
| **ilahliwe:** | Into eyalahlwa kude okanye engasafunwayo. |

## Isigama


| | |
|---|---|
| **into esunguliweyo:** | Into entsha umntu ayenzileyo ukusombulula ingxaki okanye ukunceda abantu. |
| **wabobotheka:** | Ukuncuma ngokonwaba kuba uyazingca ngento okanye omnye umntu ayezenzileyo. |
| **injineli:** | Umntu ocinga iingcamango aze akhe izixhobo, oomatshini okanye iinkqubo zokusombulula iingxaki. |
| **uyilo:** | Isicwangciso okanye umzobo obonisa indlela eza kwenziwa ngayo into. |
| **iphuli:** | Ivili elinentambo okanye ibhanti elinceda ukuphakamisa lula izinto ezinzima. |
| **ithawa:** | Isakhiwo eside. |
| **ukuwohloka:** | Xa into isiwa okanye yophuke kuba ingakwazi ukuzimela. |

**Buza usapho lwakho:**



Yintoni okhe wayakha okanye wayenza ngaphambili?

Yeyiphi into ongayakha okanye uyenze ukuba ubunganako.





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| idzedze | dzula | dzulela |
| tyhala | isityhakala | utyhafile |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Idzedze sisilwanyana esinobungozi.**

UDzununu ubalekele edolophini akubona iinkomo ebuhlanti zigcwele amadzedze. La madzedze angena nasekhitshini alume usana lukaMadzana. UDzununu ukhawuleze wabuya edolophini.

UDzununu ubuye nebhotile etyheli ngombala enetyhefu. Ungene nje ebuhlanti watyhala isango wagalela ezinkomeni. Iinkomo zibonakele zityhafile zityhalana ebuhlanti. Ekugqibeleni aphuma amadzedze efile.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. ucango utyhala utyhileka
2. igazi idzedze litya





## Izandi

Tshintshanani ukufunda ezi zandi:









## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| tshata | tshayela | tshisa |
| isithsaba | isitshanguba | amathsuphelele |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| Abantwana batshisa amaphepha. |
|---|

Yayiluvuyo nolonwabo umtshana wooRhadebe eza kutshata. Yayiyimincili kwikhaya looTshangisa kulungiselelwa umtshato. Iintombi zazitshayela amabala zikwatshisa nengca.

Yafika imini yomtshato. Yaphuma intombazana endlwini inxibe ilokhwe emhlophe. Yayithwele nesithsaba segolide entloko esibonisa impumelelo. Abanye abantu bona babenxunguphele, besithi babizelwe amathsuphelele.



## Ukuenkhowuda

Hlengahlengisa amagama ukwenza izivakalisi. Fakela iimpawu zokubhala uze ubhale izivakalisi encwadini yakho:

1. ucango utyhale utyhileka
2. igazi idzedze litye

Ingaba uyabona ukuba ezi zizivakalisi zezexesha elidlulileyo?





## Izandi

Tshintshisanani ukuhlanganisa ezi zandi:




+




+




+






## Ukudikhowuda

Hlanganisa izandi ukufunda amagama:

| | | |
|---|---|---|
| nyhala | inyheke | nyhukula |
| inyhwagi | yhuu! | yhoo! |



## Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| |
|---|
| Inyheke katata idumbile. |

Usana lukaNana luwile. Usana lwakhe luwe ngobuso esitulweni. Luwe lwabetheka phantsi ngenyheke. Inyheke yosana idumbile. Yhuu! Unenyhweba kuba akonzakalanga.



## Ukuenkhowuda

tshixa
inyhwagi

Yakha amagama usebenzisa ezi zandi.
Bhala la magama encwadini yakho:

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| n | y | w | tsh | ths | h |
| l | e | a | x | i | g |





## Ukubhala ngesandla

Khuphela encwadini yakho:

*UXola uxakekile eXesi.*



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Nqandani imililo!**

UMarang nomama wakhe babehlala cebu kuhle eKapa.

Umalume wabakhela indlu encinci yamazinki. Yayinomnyango kunye neefestile ezimbini.

Le ndlu yayincinci kodwa uMarang wayenebhedi yakhe nekhabhathi yeempahla nezinto zakhe. Umama wakhe wayesebenza nzima ukwenza indlu yabo ibukeke.

Kwibhloko yabo yezindlu ezincinci, uMarang wayenabahlobo abaninzi. Kwakumnandi ukudlala ukuphuma kwesikolo.

Kodwa minyaka le malunga neyoMnga, umoya wawuxhaphaka uvuthuze ngamandla uhamba ngesantya esiphezulu.

Wonke umntu wayesoloko egade umlilo. Umoya wawusenza amadangatye abe namandla anwenwe ngokukhawuleza.

UMarang nabahlobo bakhe babeyibukela imililo. Babebona icala owawuvuthuzela ngakulo umoya. Babona ukuba ingca ende nenkunkuma zaziwuthatha lula umlilo.

La makhwenkwe athatha isigqibo sokuphakama. Ayefuna ukunqanda imililo ingatshisi amakhaya abo.

Yonke imihla, baqokelela inkunkuma bayombela kude nebhloko yabo.

NgeMigqibelo, bancothula ingca ejikeleze ibhloko yabo, baya kuyilahla.

Kungekudala, ezinye iintsapho zakuqaphela oko kwakusenziwa ngala makhwenkwe.

Babona ukuba ibhloko yala makhwenkwe yayicocekile ibukeka.

Babona nokuba babekhuselekile emililweni.


Kungekudala, abantu abaninzi balinganisa uMarang nabahlobo bakhe. Ukusukela ngoko, yaba mbalwa imililo.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Wayehlala phi uMarang?**
2. UMarang wayehlala...
3. **Wawusenza ntoni umoya emlilweni?**
4. Umoya wawusenza umlilo...
5. **Enza ntoni amakhwenkwe ukuzama ukunqanda imililo?**
6. Amakhwenkwe...



## Imofoloji

Singohlula amagama ngeendlela ezahlukileyo.
Xoxa neqabane lakho:

| 1<br>Ngokwezakhi zezandi: | 2<br>Ngokwezakhi zamalungu: | 3<br>Ngokwezakhi zentsingiselo: |
|---|---|---|
| u-m-f-u-n-d-i | u-m-fu-ndi | Yintoni intsingiselo ka**fundi**?<br>Esi sakhi segama u**um** siyitshintsha njani intsingiselo? |



Ngoku khawuzame ngala magama: umntwana, umfundisi



**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

## Iphiko lamanzi elimangalisayo likaWilliam

UWilliam wakhulela kwilali ebizwa ngokuba yiWimbe, eMalawi. Kwakungekho mbane eWimbe. Abahlali belali babexhomekeke emvuleni ukunkcenkceshela izityalo zabo.

Xa uWilliam wayeneminyaka eli14 ubudala, kwabakho imbalela eMalawi. Abalimi babengakwazi ukunkcenkceshela izityalo zabo, ngoko kwakungekho kutya kwaneleyo.

Usapho lwakuloWilliam lwalusitya nje isidlo esincinane esinye ebusuku. UWilliam kwafuneka asishiye isikolo. Abazali bakhe babengekwazi ukuyihlawula imali yesikolo.

Ekubeni uWilliam wayengasayi esikolweni, wachitha ixesha elininzi kwithala leencwadi. Ngenye imini wafumana incwadi ebizwa, 'Ukusebenzisa amandla endalo'. Le ncwadi yachaza ukuba unokusebenzisa iphiko lamanzi ukudala amandla.

UWilliam wagqiba kwelokuba uza kusebenzisa iPhiko lamanzi kwilali yakhe.

UWilliam wakhangela kwiindawo zokulahla ubugoxo ukuze afumane izixhobo zokwenza iPhiko lamanzi. Bahleka abantu kodwa waqhubeka.

Ngobunye ubusuku, uWilliam ekugqibeleni waphumelela ukulenza lijikeleze iphiko lakhe. Lenza amandla endalo ukukhanyisa izibane ezine ladlalisa nonomathotholo. UWilliam wasebenzisa izibane ukuze afunde ebusuku.

UWilliam wayefuna ukuzisa umbane namanzi elalini yakhe yonke. Wasebenza nzima ukwakha iphikho elikhulu. Wasebenzisa iphiko lakhe elitsha



elikhulu ukumpompa amanzi kwiqula. Ngoku amafama ayeza kunkcenkceshela izityalo zawo!


Emva kweqela leminyaka, kweza intatheli izokubhala ngebali likaWilliam kwiphephandaba. Uninzi lwabantu eMalawi kunye nehlabathi jikelele bafunda ibali likaWilliam. Abanye abantu bathabatheka libali lakhe bade bamhlawulela imali yokuba aye eyunivesithi.



## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Wayehlala phi uWilliam?**
   UWilliam wayehlala...
2. **UWilliam wayelichitha phi ixesha lakhe emva kokuyeka isikolo?**
   UWilliam wayechitha ixesha elininzi...
3. **Wakha ntoni uWilliam?**
   UWilliam wakha...



## Imofoloji

Sebenzisa ezi zakhi zegama ukwakha amagama:

| theth | ii | aba |
|---|---|---|
| Umzekelo: uthetha | Umzekelo: iibhokhwe | Umzekelo: abantwana |



Bhala uluhlu lwamagama kwincwadi yakho yomsebenzi.

## Ukudikhowuda

**Tshintsha izivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo.**

Khumbula, xa sitshintshela isivakalisi kwixesha elidlulileyo, si:
- *Tshintsha isenzi sibe kwixesha elidlulileyo ngokufakela isim*amva u-ile, e endaweni yesikhamiso sokugqibela u-a.

1. Khuphela ezi zivakalisi encwadini yakho:

   **Abantwana badlala ujingi.**

2. Khangela uze ufake kwisangqa isenzi:

   **Abantwana badlala ujingi.**

3. Bhala isenzi kwixesha elidlulileyo.

   **badlale**

4. Bhala isivakalisi kwixesha elidlulileyo

   **Abantwana badlale ujingi.**

5. Phinda izivakalisi:

   **a. ULiziwe utshayele ibala.**
   **b. Umama upheke ukutya.**
   **c. ULele ubethe isela.**

## Ukwakheka kwemitjho

**Hlengahlengisa ezi zivakalisi zikwixesha elidlulileyo:**

1. Khuphela ezi zivakalisi encwadini yakho:

   **iyaniso ukhaya uthethe**

2. Khangela uze krwelele umgca intloko:

   **ukhaya inyaniso uthethe**

3. Khangela uze ufake kwisangqa isenzi:

   **inyaniso ukhaya uthethe**

4. Khangela uze ushikixe phezu kwenjongosenzi:

   **inyaniso ukhaya uthethe**

5. Bhala isivakalisi ngolu hlobo: **intloko + isenzi + injongosenzi**

   **ukhaya uthethe inyaniso**

6. Fakela iimpawu zobhalo:

   **UKhaya uthethe inyaniso.**

7. Phinda izivakalisi:

   **a. imoto izinja zileqe**
   **b. izitya umama uhlambe**
   **c. ufunde iincwadi uphiko**

### Ukwakheka kwemitjho

**Tshintsha izivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo.**

a. Ipolisa lileqa isela.
b. UThemba uphakamisa isandla.
c. Umama uya edolophini.

### Ukwakheka kwemitjho

**Hlengahlengisa ezi zivakalisi zikwixesha elidlulileyo:**

a. ileta ndifunde
b. ucule ulimise kamnandi
c. usisi imali ucele

### Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| Umama ubhaka isonka. |
|---|

**Umsebenzi kamama.**

Ngenye imini umama wavuka ekhathazekile. Wayekhathazwa kukuba akazukwazi ukubhaka namhlanje kuba umbane ucimile. Umama wayethengisa isonka edolophini.

Umama wayengakwazi ukuya kuthengisa edolophini ngenxa yombane. Wacinga icebo lokuba aye ehlathini ukuya kutheza iinkuni ukuze abantwana bakhe balale betyile.

### Ukwakheka kwemitjho

**Tshintsha izivakalisi zibe kwixesha elidlulileyo.**

a. UThuli ukhwaza ummelwane wakhe.
b. Umlimi ulima amasimi.
c. UThandi ubukela umabonakude.

### Ukwakheka kwemitjho

**Hlengahlengisa ezi zivakalisi zikwixesha elidlulileyo:**

a. izolo uthandeka utshatile
b. amasela utata ugxothe
c. uzithandele inyama utata

### Utyibiliko

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

| ULakhe ubonwe ebusuku edlala. |
|---|

**ULilitha othanda ukutya okunenyama.**

ULilitha uyakuthanda ukutya okunenyama. Ngalemini ekhaya umama wakhe upheke ukutya okungenanyama. Uthe xa evula imbiza wabona iimbotyi ezinesuphu. Ubuze umama wakhe, “Iphi inyama mama? Uyayazi andikutyi ukutya okungenanyama.”

Umama wakhe wajonga phezulu wathi, “Lilitha iza kuvela phi inyama xa ingekho, uyazi ukuba andiphangeli?” Umama wakhe wayekhathazekile ngumntwana wakhe, kodwa wambonisa naye waqonda.

## Utyibiliko

Khumbula, utyibiliko luthetha:
- Ukufunda ibali ngaphandle kokwenza iimpazamo.
- Ukufunda ibali ngesantya esifanelekileyo, ngokungathi uyathetha.
- Ukufunda ibali ngemvakalelo.

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

### UPalesa Masuku: umsobululingxaki

**Ngubani uPalesa Masuku?**

UPalesa Masuku ngusonzululwazi waseMzantsi Afrika. Ngonyaka wama2011, waphumelela ibhaso ngedizayini yakhe yesitovu. Eli libali lendlela uPalesa awasebenzisa ngayo izakhono zakhe zokudizayina asombulule ingxaki awayibonayo.

**Ingxaki**

UPalesa wabona ukuba babebaninzi abantu ababengafikeleli ekuthengeni amalahle okanye iparafini yokupheka nokuzigcina befudumele. Wayefuna ukudizayina isitovu esingabiziyo.

**Phanda**

UPalesa wafumanisa ukuba amandongomane omthi weMarula aluncedo, kuba atsha kakuhle ngokucothayo.

**Dizayina**

UPalesa wenza isitovu. Endaweni yokusebenzisa amalahle, wayesebenzisa amandongomane eMarula.

**Yenza**

UPalesa wenza isitovu sakhe sasebenzisa amandongomane namaqokobhe eMarula endaweni yamalahle.

**Vavanya**

UPalesa wasivavanya isitovu sakhe. Sasikhupha ubushushu, sibilisa amanzi sipheke nokutya. Saluphumelela uvavanyo!

**Yabelana**

UPalesa wabelana ngedizayini yakhe. Wangenela ukhuphiswano waza waphumelela!

**Kwakutheni ukuze uPalesa aphumelele?**

Kwiindawo ezininzi, amandongomane kunye namaqokobhe eMarula ayafumaneka emhlabeni mahala. Oku kuthetha ukuba abantu abaninzi banendlela engabizi mali ininzi yokupheka nokuzigcina befudumele.




## Ingqiqo nokuqonda

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Yeyiphi ingxaki awayefuna ukuyisombulula uPalesa?**
   UPalesa wayefuna...

2. **Kutheni amandongomane eMarula eluncedo...**
   Amandongomane eMarula aluncedo kuba...


3. **Ingaba ikhona imithi yeMarula kwindawo ohlala kuyo?**
   Ewe, ikhona imithi yeMarula kwindawo endihlala kuyo.
   Hayi, ayikho imithi yeMarula kwindawo endihlala kuyo.



## Imofoloji

Singohlula amagama ngeendlela ezahlukileyo.
Xoxa neqabane lakho:

| 1 Ngokwezakhi zezandi: | 2 Ngokwezakhi zamalungu: | 3 Ngokwezakhi zentsingiselo: |
|---|---|---|
| a-b-a-f-u-n-d-i | a-ba-fu-ndi | Yintoni intsingiselo ka**fundi**? Esi sakhi segama u**aba** siyitshintsha njani intsingiselo? |





**Utyibiliko**

Tshintshanani ukufunda ngokuvakalayo:

**Isifudumezimanzi sikaXochitl**

Ngenye imini uXochitl wayesiya esikolweni waza waqaphela ukuba ayikho imithi. "Iyephi imithi?" wamangala.

Ngentsasa elandelayo wabona utata wakhe efaka iziqobo emlilweni eza kufudumeza amanzi.

"Tata, singakwazi ukuba namanzi ashushu singakhange sigawule mithi?" wabuza njalo.

"Abantu bendawo yethu abanamali yokuthenga izinto eziphucukileyo zokufudumeza amanzi," waphendula watsho utata kaXochitl.

Ukubuya kwakhe esikolweni uXochitl waqala ukwenza umzobo wakhe. Waqokelela iibhotile zeplastiki, iiglasi, umbhobho kunye namakhuni. Wathi akuqonda ukuba izinto zokusebenza ziphelele wazihlanganisa. Wadibanisa umbhobho neebhotile zeplastiki. Wapeyinta mnyama iibhotile. Utata wakhe wamncedisa ekwenzeni ibhokisi yesifudumezimanzi.

Ngosuku olulandelayo phambi kokuba aye esikolweni, uXochitl wagalela amanzi ezibhotileni. Wabeka isifudumezi sakhe elangeni.



Ukuphuma kwesikolo, uXochitl wabaleka ukugoduka. Wavula umbhobho aza aphuma amanzi eqhuma. "Tata! Tata! Jonga iyasebenza!" wakhwaza

watsho uXochitl.

"Inene usebenzile!"

waphendula njalo utata kaXochitl.

UXochitl wenza isifudumezi esikhulu ukuze kwanele lonke usapho lwakhe xa luhlamba. Wasibeka kuphahla lwendlu ukuze sifumane ilanga ngokwaneleyo. Abamelwane basibona isifudumezi baza basifuna bonke. Bonke abantu ekuhlaleni bakwazi ukufumana amanzi afudunyezwe lilanga. Kwayekwa ukugawulwa kwemithi kubaswe umlilo.


UXochitl wawongwa yiYunivesithi yaseMexico ngenxa yedizayini yakhe yesifudumezimanzi selanga.



**Ingqiqo nokuqonda**

Bhala iimpendulo kwincwadi yakho yemisebenzi:

1. **Yintoni le uXochitl wathatha isigqibo sokuyenza?**
   UXochitl wathatha isigqibo sokwenza i…
2. **Utata kaXochitl wamnceda ukweza ntoni?**
   Utata kaXochitl wamnceda ukwenza i…
3. **Yeyiphi ingxaki ongathanda ukuyisombulula kwindawo ohlala kuyo?**
   Ndingathanda ukusombulula ingxaki ye…



**Imofoloji**

Sebenzisa ezi zakhi zegama ukwakha amagama:

| abe | ii | um |
|---|---|---|
| Umzekelo: abefundisi | Umzekelo: iigusha | Umzekelo: umzalwane |



Bhala uluhlu lwamagama kwincwadi yakho yomsebenzi.

